2025
IINDABA ZIKA-MASIPALA

WESITHILI
I-HARRY GWALA

UMQULU 4 | UMQUDLWANA 1

Ngokubambisana Siyaphuhlisa Sikhule

SEND ME TO BUILD THE MZANSI I WANT

2030 NDP

Harry Gwala District Municipality | @harrygwala | @harrygwala | www.harrygwaladm.gov.za

IMIBONO, IINJONGO, IMINQWENO NEZICWANGCISO ZAMACEBO

Xa kufikelelwa ku2030 uMasipala weSithili iHarry Gwala District Municipality uzakube unkqenkqeza phambili ngokuhambisa amanzi kuluntu kwiPhondo iKwaZulu-Natal. Uluntu luyakube lungcamla ngamandla kwezolimo nokhenketho.

ISICWANGCWISO ESIQULATHIWEYO

Isebenzisana nabantu nabanye ababandakanyekayo iHarry Gwala District Municipality Iyakuqinisekisa ukubonelela ngamanzi acocekileyo, aselwayo angapheliyo neendawo zogutyulo ngokunjalo enze iinzame zokuphucula amacandelo ezolimo nokhenketho ukuze Impilo nentlalo yabantu ibengehloniphekileyo inangakumbi.

ISISEKO SEMIGQALISELO ENGUNDOQO

- Ukutyhileka
- Ukubonakala Ngengxelo
- Ukusabela Izimvo
- Ukuzimisela nokunyaniseka

ISIQULATHISO

Ilizwi loMhleli	04
Amazwi Esikhokelo ka-Sodolophu	05
Amazwi kaMeneja kaMasipala	06
Ingxelo yamanzi lisebe leenkonzo zamanzi kwisiThili iHarry Gwala	07
UMasipala waseHarry Gwala iBhunga eliKhulu	08
Inkqubo Yokuqaphela Ukusebenza Ezikolweni kwiSithili iHarry Gwala	10
USodolophu ukhokhela inkqubo yokuqaphela ukusebenza ezikolweni kunye nokuwongwa kweziphumo zebanga leshumi zama-2024	12
UMasipala weSithili iHarry Gwala ubhiyozela iziphumo zebanga leshumi	13
IBhunga lokuqala kumnyaka wama-2025	14
Utyelelo lweziza lwesiThili iHarry Gwala	16
UMasipala weSithili iHarry Gwala ume kwilizwi lawo lokuhambisa iinkonzo nanjengoko kuqhutywa iseshoni yecebo lezicwangciso	18
Intlanganiso yokwamkelwa kukaNkosi M. B. Mjoli	19
UMasipala weSithili iHarry Gwala uzilela ukusweleka komnye umsebenzi: Phelokazi Faith Mafa	20
UMasipala weSithili iHarry Gwala uhlonipha abantu abadala	21
Kulumkiswa ngomhlaza eHarry Gwala	22
UMasipala weSithili iHarry Gwala isungula isigaba 5 se-EPWP	23
Utyelelo lukaMphathiswa Buthelezi	24
Ucweyo lokulwa nobuqhopholo nolawulo olulungileyo kulawulo lwasemakhaya	25
UMphathiswa Duma wamkelwe ngezandla ezishushu nguNkosi Ntobeko Msingaphansi wendlu yoBukhosi baMabhaca eMzimkhulu	26
Iinqwelo ezitsha ezizakuncedisa ukuhambisa iinkonzo	27
Umngcelele woMasipala weSithili iHarry Gwala we-LGBTQIA+PRIDE	28
UMphathi Masipala weHarry Gwala wamkela abasebenzi abatsha	29
Nanku uMphathi weeProjekthi omtsha (Chief Technician)	30
Ukuphuculwa kwesitamkoko embizweni kwiDolophu uMzimkhulu (Ward 16)	31
Isicwangciso sokufakekela iimmitha ezi-Smart zase-Bhongweni: 2024/2025 FY	32
Ingxelo yezentlekele: Izehlo zentlekele ezenzeke kweyYomnga 2024 ukuya kweYomqungu 2025	33
IHarry Gwala Summer Cup	34

ILIZWI LOMHLELI

Kubhiyozelwa ukukhula koluntu, ukuhanjiswa kweenkonzo kunye nolawulo lwasekuhlaleni

UMnu uNdabezitha Tenza
Umphathi Wezokuxhumana

NDITHANDA ukunamkela kwakhona ngovuyo nangentlonipho enkulu kolu shicilelo lwekota yesithathu lweendaba zikamasipala kunyaka mali wama 2024/2025. Ndiyabulela ngenkxaso enisoloko nisinika yona kwanomdla wenu kuphuhliso lwesiThili. Uluntu lwethu luyakhula kwaye luyaphucuka, kungoko kubalulekile ukufumana ulwazi ngemiba neenkqubo ezenzeka kwindawo yethu. Singumasipala sinoxanduva elingundoqo lokuqinisekisa ukuhanjiswa kwamanzi acocekileyo kwaye akhuselekileyo kubo bonke abahlali. Kolu shicilelo sizakugxila kuphuhliso nezigqibo ezilawula uMasipala wethu.

Xa siqala unyaka wama2025, kuliwonga novuyo ukufumana eli thuba lokukhangela emva kwizicwangciso kunye nezehlo zonyaka ophelileyo, ngakumbi impumelelo yabafundi bebanga leshumi (Matric) lama2024. Kubafundi besiThili iHarry Gwala bebanga leshumi lama2024, ndithanda ukuthi huntshu! ngokuphumelela olu hambo olubalulekileyo lwemfundo yenu. Iziphumo zebanga leshumi zama2024 zibonakalisa ukuzinikezela nokusebenza nzima kolutsha lwethu. Kuyacaca ukuba ikamva labo liqaqambile kwaye lisezandleni ezifanelekileyo. Ukwenza umbulelo, isiThili sisingathe inkqubo yama2025 yokubuyela esikolweni (back-to-school), nebikhokhelwe Ligunya loWisomthetho KwaZulu-Natal. Injongo yale nkqubo ibikukuqaphela ukusebenza ezikolweni. Ohloniphekileyo usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo, naye uye watyelela izikolo ezingenzanga kakuhle kwiziphumo zebanga leshumi. Iinjongo zolu tyelelo ibikukuxhasa nokukhuthaza abo abangaphumelelanga ukuba benze ngcono.

Umasipala usebenze kakuhle kakhulu ukuze uluntu lumethembe, ngokukhawulezisa ukuhanjiswa kweenkonzo ezingundoqo, amanzi nogutyulo lwelindle. Rhoqo ngonyaka kuphuma ingxelo yeenkonzo zamanzi, iiprojekthi ezicetyiweyo nemihla ekulindeleke ukuba ezi projekthi zigqitywe ngayo, kwaye le ngxelo ilungisiwe ngumasipala ekupheleni konyaka wama2024. Enye yezi projekthi, bekunikizelwa ngesigadla kwi-ofisi yeenkonzo zamanzi uMngeni, ukuze incede uluntu kwisiThili sonke nokutyelela iziza ezohlukeneyo ukuze kuqatshelwe inkqubo yomsebenzi. Oku ibikukuqinisekisa ukuba bayangenelela apho kukhona isidingo.

Kwimpumelelo nganye yequmrhu, kufanele kubekhona imithetho ebekwayo nethi ilandelwe, kwaye kufuneka kusetyenzisanwe nabahlawuli beenkonzo abohlukeneyo, abafana neenkokheli zemveli. Kutshanje umasipala wamkele inkokheli yoluntu uNkosi Mboneni Benedict Mjoli. Wenze isifungo sakhe somsebenzi phambi kwesikhokhelo sesiThili ngelixa esaziswa kwiBhunga. IsiThili sikwatyelele uNkosi Ntobeko Msingaphantsi we-AmaBhaca Zwelethu Traditional Council, bephelekwa ngumphathiswa wezothutho nokuhlaliswa koluntu uSiboniso Duma. Ezinye iinkokheli zemveli ziye zatyelelwa ngumphathiswa uThulasizwe Buthelezi wemicimbi yolawulo nezemveli (GoGTA). Oku kubonakalisa ukubandakanywa kolawulo lwasemakhaya kulo rhulumente, nokunika umasipala inkxaso kulawulo lwasemakhaya nolwasephondweni. Okokugqibela, ulawulo lukamasipala linikwe ithuba lokuzimasa ucweyo apho bekufundwa ngemithetho yokulwa nobuqhopholo kulawulo lwasemakhaya, ukubakhumbuza ukwenza okulungileyo, nokuba kungekhomntu obonayo.

Umsebenzi weziko loluntu wokuhanjiswa kweenkonzo, kukuphelisa izinto eziphazamisana nezinga lokuphila eMzantsi Afrika. Njengenxalenye yelinge likamasipala lokuphuhlisa ukuhanjiswa kweenkonzo zoluntu, uMasipala wesiThili iHarry Gwala uqeshe abantu abambalwa. Oku umasipala ukwenze ukunciphisa inani “lentswela ngqesho.” Abasebenzi bafumene ithuba lokwamkelwa nguMphathi woMasipala uGamakulu Sineke. Inkqubo eyongezelweyo yemisebenzi yoluntu (EPWP), nayo incedise ngokudala amathuba emisebenzi angama312 kwisiThili. I-EPWP isungule isigaba sesihlanu esiveze amacebo amatsha aphucukileyo nazaku qinisekisa ukuba akhokhelela kwingqesho, ukuzisebenza, ookopolotyeni okanye iinkqubo ezizakuqesha abantu abaninzi. Ngenene le nkqubo inamacebo amahle ngolutsha loMzantsi Afrika.

‘Akukho mhlali ofanelwe kukushiyeka ngaphandle.’ Oku kugxininisa ukubaluleka kwemithetho elinganayo okanye iinkqubo eziqinisekisa ukuba wonke umhlali, nokuba usukaphi okanye phantsi kweemeko ezinjani, ufumana iinkonzo okanye amathuba ngendlela efanayo, ngaphandle kokukhethwa eluntwini. IsiThili iHarry Gwala sihlonipha abantu abadala ngendima abayidlalayo kwiimpilo zethu. Usodolophu wesiThili uceba Zamo Nxumalo, usingathe umbhiyozo weKrisimesi ukuvuyisana neentshatsheli zeGolden Games eziphuma koomasipala basekuhlaleni kwesi siThili. Oku ukwenze ukuhlonipha ubukho babo, nokubulela uthando lwabo, inkxaso kunye nokuzinikezela kwabo, ngakumbi kwiminyaka yabo, nalapho ixesha libaluleke kakhulu.

Okokugqibela, umthetho uSection 152(1)(a) ugunyazisa urhulumente wasemakhaya ukuba unike ulawulo olungenamkhethe kuluntu lwasemakhaya. Kungoko kucacile ukuba uluntu lwasemakhaya lubaluleke kakhulu kumasipala. Ndithanda ukubongoza bonke abahlali koomasipala basekuhlaleni ukuba baluxabise olu shicilelo, nanjengoko lusesona sixhobo sonxibelelwano nolwazi ngenkqubo yezinto eziqhubeka kwisiThili. Eli liqonga elilungileyo lokwabelana ngeengxelo ezibalulekileyo, ukubhiyozela impumelelo nokuxoxa ngeenkxalabo ngendlela ehlelekile. Oku kusincedisa ngonxibelelwano nabasebenzi ngolwazi kwaye siba bandakanye ukuze bazive bexhumene nomasipala wabo kunye noluntu.

UNKS UNONTUTHUKO NGUBANE
UMXHUMANISI KAMASIPALA NOLUNTU (PRO)

UMNU ULINDOKUHLE CHILIZA
USEKELA MLAWULI: UMCWANGCISI KWEZONXIBELELWANO KWISITHILI (GCIS)

UNKS SIBONGILE KUNENE
IGOSA LEZONXIBELELWANO

UNKS UATH'ENKOSI BAQWA
ISEKELA KWEZOKUXHUMANA

UNKS UXOLISWA DLAMIN
ISEKELA KWEZOKUXHUMANA KWA-EPWP

UNKS UFUNDISILE QOZA
ITHWASA KWEZOKUXHUMANA KWI-EPWP

IsiThili iHarry Gwala: Unyaka wemfundo, ukukhula okucetyiwe kunye nolawulo olusulungekileyo

USodolophu waseHarry Gwala uCeba uZ.D Nxumalo

BHOTANI kuni nonke bahlali besiThili sethu iHarry Gwala. Ndiyanibulisa ngemfudumalo kweli qonga, nekuyenye yezixhobo ezininzi esizisebenzisayo njengesiThili ukuthumela nokuninika ingxelo entsha kuni nonke kule ngingqi. Sele siwuqalile unyaka wama2025 kwaye siyaqhubeka.

Xa ndibhala lengabula zigcawu, unyaka omtsha wemfundo uyaqhuba, bonke abafundi sele beziqhelile iinkqubo zesikolo nokwenza imisebenzi yesikolo yasemakhaya, emva kweholide zEyoMnga.

Ndinenjongo yokuqala ngemfundo.

Ngenene, isisitshixo esivula yonke iminyango yempumelelo. Nanjengoko kuthatha isizwe sonke ukufundisa umntwana, kuquka, abazali, abafundisi ntsapho, amalungu ebhodi yolawulo lwesikolo kunye norhulumente, mna, egameni labafundi bebanga leshumi 2024, ndithi huntshu! ngeziphumo ezintle nokubeka ingingqi yethu phambili ngomsebenzi wenu omhle osenza sizingce, singabahlali besiThili, iphondo iKwaZulu-Natal nelizwe lonke, masihlanganyele sonke ukubhiyozela imizamo yenu emihle.

Egameni le-HGDM, ndithi huntshu! kwakhona kwaye ndininqwenelela konke okuhle kwimizamo yenu yengomso. Ngalo mxhelo mnye, ndininqwenelela impumelelo, hambani niyokwenza iintsapho zenu, uluntu lwenu kunye nesiThili senu bazingce ngani. Khumbulani ukuba sixhomekeke kuni ukuba ngenye imini, nifake isandla kwizisombululo nakwimiceli mngeni ejamelene nesiThili sethu.

Ukusebenza kwezikolo

Sise kummba wemfundo nokubaluleka kwayo, ooceba abohlukeneyo be-HGDM kunye nam, sityelele izikolo koomasipala basekuhlaleni kwisiThili sethu, ukuyoqinisekisa ukusebenza kwezikolo nokuthi yonke into ihamba kakuhle kulo nyaka omtsha.

Sinomphathiswa wezemfundo KwaZulu-Natal ohloniphekileyo uSipho Hlomuka, siye sanikwa ingxelo ngeziphumo kunye nemiceli mngeni izikolo zethu ebezijamelene nayo kunyaka ophelileyo. Kwicala lesiThili, sizinikezele ukuqinisekisa ukuba isiThili sidlala indima yaso ukuqinisekisa ukuba ukufundisa nokufunda akuphazamiseki. Ndinqwenela ukuthatha eli thuba ukuncoma abafundisi ntsapho ngomsebenzi wabo abawenzayo ukubumba ikamva labantwana. Sizakuzama ukusombulula apho sikwazi khona, imiba eyoyamene noxanduva lwesiThili, elikukufaka isandla ukusombulula imiceli mngeni yokufundisa nokufunda.

Intlanganiso yesiThili yecebo lezicwangciso

Intlanganiso yecebo lwezicwangciso iba neenjongo ezininzi, eziquka, kodwa ezingaphelelanga, ukunika iqonga kulawulo ukuphononongа nokwabelana okanye ugugxininisa umbono wabo ngesiThili. Oku kukuqinisekisa ukuba wonke umntu kweli ziko uvuma ngamxhelo mnye, kubekwe iinjongo ezicacileyo ekufanele zifezekiswa nangaphezulu.

Ezi ntlanganiso, ezibanjwe yi-HGDM kutshanje, ziyindawo yokuvuselela, kunye neqonga lokuphononongа nokwenza amacebo amatsha ukufikelela kwiziphumo ezilindelekile zoluntu lwethu. Oku kuquka, kwiingxoxo zakutshanje, ukujongana nokusilela kweeprojekthi, ukuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle, nanjengokuba benditshilo ngasentla, ukuphucula iinkonzo kwezemfundo kwingingqi. Sithabathe izigqibo, saziqhathanisa namaxesha olawulo okusungula. Sizakuqaphela kwakhona, ngeliso elibukhali inkqubo nalapho kufuneka singenelele, asizuphozis'amaseko, sizakungenelela sincedise.

> “Sizinikezele ukufumana iziphumo ezingena chaphaza, sisonke njengolawulo, kuzo zonke iinkalo, lo, ngumbono wethu kwaye siqinisekile sizakuwufezekisa.

Iziphumo ezingena chaphaza

Ndinqwenela ukuphawula ngeziphumo ezingena chaphaza zoMphicothi Zincwadi Omkhulu woMzantsi Afrika zonyaka mali wama 2024/2025. Ezi ziphumo ziluphawu olubonakalayo lolawulo oluqhubekayo olusulungekileyo nolungena mfihlo lwe-HGDM. Oku, kongezelelwe ngumsebenzi webhunga kunye nekomiti yooceba ngokusungula amacebo, naphakanyiswe ngooceba ukuze avunywe kwaye axhaswe. Sizinikezele ukufumana iziphumo ezingena chaphaza, sisonke njengolawulo, kuzo zonke iinkalo, lo, ngumbono wethu kwaye siqinisekile sizakuwufezekisa.

I-HGDM iqhubela phambili ngokuhanjiswa kweenkonzo okuphucukileyo, ukuziphatha kakuhle nokungabina mfihlo kwiinkqubo zayo

uMnu uGamakulu Ma-Art Sineke
uMphathi kaMasipala

BHOTANI kuni nonke bahlali, bathengi kunye nabalingani boMasipala wesiThili iHarry Gwala. Xa siqala unyaka omtsha, ndinemincili ndakukhumbula impumelelo yethu siliqumrhu, kunye namathuba azayo.

KuloMasipala wesiThili iHarry Gwala, sizimisele ukuhambisa iinkonzo ezingundoqo kuluntu lwethu, ukukhuthaza ukuziphatha kakuhle kwisikhokhelo sethu kwanolawulo olulungileyo.

Ndinemincili ukwazisa ukuba iinzame zethu zibonakele kuMphicothi Zincwadi oMkhulu woMzantsi Afrika, nanjengoku sifumene iziphumo ezingenachaphaza kunyaka mali ophelileyo wama2023/2024.

Le mpumelelo ibonakalisa ukuzinikezela kwethu ukungabina mfihlo, ukuphendula kunye nolawulo olulungileyo lwezimali. Oku kubonakalisa ukuba uMasipala wesiThili iHarry Gwala uqhubekela phambili kulawulo lwezimali, uyisebenzisa kakuhle imali yabantu ngendlela elungileyo.

Kulo nyaka mali, uMasipala wesiThili iHarry Gwala usingathe intlanganiso yohlahlo lwabiwo mali, uhlahlo lwabiwo mali oluphononongiweyo kunye necebo lezicwangciso, ukusukela ngomhla wesithathu kwEyoMdumba 2025 ukuya kowesixhenxe kwEyoMdumba 2025, ugxile kumacebo osungulo lohlahlo lwabiwo mali ezakuqinisekisa ukuba imali yabiwe ngendlela elungileyo.

Intlanganiso yecebo lezicwangciso yenze sikwazi ukuphononongа uhlahlo mali ngokukhetha iindawo ezibaluleke kakhulu kuxanduva lwethu lokuhambisa iinkonzo, ngokomthetho wolwawulo lweemali zikamasipala – Municipal Finance Management Act (MFMA) Act No. 56 of 2003, ecacisa ku Section 69, ukuthi umphathi womasipala unoxanduva loku sebenzisa uhlalo lwabiwo mali oluvunyiweyo, athabathe onke amanyathelo ukuqinisekisa:

a) Ukusetyenziswa kwemali ngokohlahlo lwabiwo mali, kuncitshiswe xa kubonakala ukuba incinci ukwedlula indlela ebalwe ngayo kuhlahlo mali, okanye kwicebo lokuhanjiswa kweenkonzo nokusungulwa kohlahlo lwabiwo mali.
b) Ingeniso nenkcitho ziqaphelwa ngendlela elungileyo.

> “Ukuqala kwethu unyaka omtsha, besinemincili ngenkxaso esiyinike uluntu lwethu, ngenkqubo yokubuyela ezikolweni iBack-to-School, nenjongo yayo ikukuxhasa abafundi, abafundisi ntsapho kunye nesikolo, ngokuqinisekisa ukuba banemali nezixhobo abazidingayo ukuze baphumelele.

Ukuqala kwethu unyaka omtsha, besinemincili ngenkxaso esiyinike uluntu lwethu, ngenkqubo yokubuyela ezikolweni iBack-to-School, nenjongo yayo ikukuxhasa abafundi, abafundisi ntsapho kunye nesikolo, ngokuqinisekisa ukuba banemali nezixhobo abazidingayo ukuze baphumelele.

Xa siqhubeka, sizimisele ukuqhubeka nomthetho wokuziphatha kakuhle kulawulo kunye nolawulo olulungileyo. Sikholelwa ukuba le mithetho ibalulekile ukwakha ukuthembeka nokuzithemba kubahlawuli bethu beenkonzo zikamasipala, nokuqinisekisa ukuba sihambisa iinkonzo ezingundoqo kuluntu lwethu.

Ndithanda ukuthabatha eli thuba ukubulela abasebenzi, ooceba kunye nabahlawuli bethu beenkonzo zikamasipala ngokusebenza nzima kwabo nokuzimisela kwiqumrhu lethu. Sisonke, singenza izinto ezintle, sitshintshe ubomi boluntu lwethu.

Ndiyabulela.

ABAPHATHI ABAKHULU

UMNU UKHULANI MTHEMBENI BRIAN MZIMELA
IMANEJALA KAMASIPALA
KWICANDELO LEZEZIMALI

UMNU UNKULULEKO BIYASE
IMANEJALA KAMASIPALA
IINKONZO ZEZAKHIWO / IBAMBELA

UNKK UTHOBILE THELMA THIYANE-MAGAQA
IMANEJALA KAMASIPALA
KWICANDELO LEZEMISEBENZI

UMNU ULINDUMUSA GWALA
MLAWULI:
IINKONZO ZAMANZI

INGXELO YAMANZI LISEBE LEENKONZO ZAMANZI KWISITHILI IHARRY GWALA

ULWAZI NGEMIGXOBHOZO

Usuku lwemigxobhozo lomhlaba lubhiyozelwa ngomhla wesibini kwEyoMdumba rhoqo ngonyaka

UMXHOLO wosuku lwemigxobhozo lomhlaba 2025 uthi: "Ukukhusela imigxobhozo ngenxa yekamva lethu sonke." Lo mxholo ubonakalisa uxhumano olunzulu phakathi kwemigxobhozo kunye nempilo yabantu. Usuku lwemigxobhozo lomhlaba lixesha elihle lokukhulisa ulwazi lwethu ngezinto ekufanele zenziwe nezingafanelanga ukwenziwa. Ukuba nemixhelo eyohlukeneyo unyaka nonyaka kubonakalisa imisebenzi eyohlukeneyo yemigxobhozo ebantwini nakwimpilo yomhlaba.

YINTONTI IMIGXOBHOZO

Imigxobhozo ziindawo ezibalulekileyo emhlabeni nezinika iinkonzo nemisebenzi ebalulekileyo eyohlukeneyo ebantwini, kwizilwanyana eziphila emanzini kunye nezesandle. Eminye yale misebenzi iquka, ukukhusela nokuphucula izinga lamanzi, ukunika iintlazi kunye nezinye izilwanyana indawo zokuhlala, ukugcina amanzi ezikhukhula kunye nokufumaneka kwamanzi ngexesha lembhalela. Ngenxa yendalo eyohlukileyo yemigxobhozo sifumana le misebenzi yayo ebalulekileyo.

Imigxobhozo ibalwa phakathi kwezona ndawo ezibalulekileyo zendalo emhlabeni, ilinganiswa namahlathi emvula kunye nonxweme. Imigxobhozo ingafaniswa "neevenkile ezinkulu zendalo" nanjengoko ivelisa ukutya okuninzi nokutsala iintlobo ezohlukeneyo zezilwanyana. Ezi zilwanyana zisebenzisa imigxobhozo kwindlela eziphila ngayo.

Ukusebenza kwemigxobhozo nemisebenzi yayo ebantwini kuxhomekeke kubudlelwane phakathi komgxobhozo kunye nezinye izinto zendalo esibayeni samanzi. Isibaya samanzi yindawo esemhlabeni apho amanzi, izingcolisi kunye nezinye izinto ezinyibilikayo, ezihluzekayo ukusuka kwindawo ephezulu ukuyophuma kwindawo enye esemazantsi.

IBALULEKE NGANTONI IMIGXOBHOZO?

Iintlobo-ntlobo zeentaka kunye nezilwanyana ezincancisayo zixhomekeke kwimigxobhozo ukufumana ukutya, amanzi kunye nendawo yokuzifihla, ngakumbi ngexesha lokuthutha kwazo nangexesha lokuzala. Imigxobhozo igcina i-carbon kwizityalo zayo kunye nomhlaba, kunokuba zizikhuphele ngaphandle njenge carbon dioxide. Kungoko imigxobhozo inceda ukulawula imeko yemozulu emhlabeni. Imigxobhozo ikwadlala indima ebalulekileyo kokulandelayo:

1. Ukucoca amanzi
2. Ukuvuselela amanzi aphantsi komhlaba
3. Ukukhusela izikhukhula

1. IMIGXOBHOZO NOKUCOCEKA KWAMANZI

Izingcolisi ezininzi zikhukhulwa ngamanzi emvula ukusuka ezidolophini, ezilalini kunye nakumhlaba wezolimo, zikhukhulwa emhlabeni ziye kutsho emanzini. Ezi zingcolisi ziquka, uhlaba, izichumisi, izibulali-zintsholongwane, amafutha aphuma kwiinqwelo nakwizigadla kunye neetyuwa zemigwaqo. Imigxobhozo ingaphucula izinga lamanzi ngokususa ezi zingcolisi ngaphezu kwamanzi. Zintathu iindlela ezibalulekileyo imigxobhozo ecoca ngazo izingcolisi: zibamba izingcolisi, zisusa i-nutrient zicoce iikhemikhali.

Imigxobhozo ikhusela amanzi ngokubamba izingcolisi, igcine i-nutrient ezingafuneki nezinye izingcolisi ezifana nee-metal ezinzima. Imigxobhozo ihluza, icoce ii-nutrient ezithi zibaleke ukusuka kumhlaba wezolimo nakwiziza zophuhliso. Imigxobhozo ingabizwa "ngezintso zesibaya samanzi" ngoba isusa izingcolisi emanzini

2. IMIGXOBHOZO NOKUVUSELELA AMANZI NGAPHANTSI KOMHLABA

Amanzi angaphantsi komhlaba asetyenziselwa ukusela, ukunkcenkceshela nokugcina ukuhamba kwamanzi kwimifula, kwimilambo nakumadama. Ngexesha lokungqongophala kwamanzi, amanzi aphuma kancinci-kancinci ngaphantsi komhlaba ancedisa ukugcina izinga lamanzi ahambayo. Imigxobhozo ikwanceda ukugcina imifula namadama ngokukhuphela amanzi eyigcinileyo kwezi ndawo. Amanzi angena ngaphantsi komhlaba ukugcwalisela. Oku kuthetha ukuba imigxobhozo idlala indima ebalulekileyo ukugcwalisa amanzi ngaphantsi komhlaba.

Imigxobhozo iqokelela igcine amanzi amatsha ngaphezulu, amanzi emvula nalawo ahamba phezu komhlaba, iwabuyisele kancinci-kancinci ngaphantsi komhlaba, apho ezakusetyenziswa kwakhona luluntu, ngokwemba imithombo etsala amanzi ngaphantsi komhlaba okanye imithombo, njlnjl.

3. IMIGXOBHOZO NEZIKHUKHULA

Imigxobhozo iyakwazi ukugcina amanye amanzi ezikhukhula ngokugcina amanzi aphuphumayo emva kwesichotho, iwabuyisele kancinci-kancinci. Ukuphungulwa kwesikhukhula esehlikayo kuxhomekeka kubukhulu, ukumila, indawo kunye nohlobo lomhlaba womgxobhozo. Ngelixa imigxobhozo ingakwazi ukuvikela izikhukhula, iyakwazi ukuzehlisa ngokubamba amanzi okwethutyana ukuze kwehle isantya sezikhukhula. Umhlaba wemigxobhozo uyafunxa, ubambe amanzi amaninzi ukwedlula ezinye iintlobo zomhlaba. Imithi, iingcambu kunye nezinye izityalo zemigxobhozo zehlisa isantya samanzi ezikhukhula ziwahambise kancinci kakhulu kwindawo yezikhukhula. Oku kugcinwa kwamanzi nokuwakhupha kwehlisa ukuphakama kwezikhukhula namandla okukhukhulisa kumanzi aya emazantsi.
Imigxobhozo esemazantsi edolophu ibaluleke kakhulu, nanjengoko iqokelela amanzi amaninzi ahambayo ngaphezu komhlaba, ezitalatweni nasuka kwizakhiwo. Ukubamba amanzi kwemigxobhozo kunceda ukulawula izikhukhula, nokukhusela amanzi amaninzi kwizityalo. Ukuba imigxobhozo ibingekho ukuze ibambe amanzi ezichotho, imizi nenzindlu ezininzi beziza kuntywila ngaphantsi kwamanzi ngexesha lezikhukhula. Kungoko ukugcina nokhukhusela imigxobhozo kubalulekile ngoba ilawula izinga lezikhukhula simahla.

IZIZATHU ZOKUKHATHALELA IMIGXOBHOZO

i. ***Imigxobhozo icoca amanzi ethu:*** Imigxobhozo izizisefo ezinkulu! Ibamba ukungcola isuse izingcolisi, nokunceda ukucoca amanzi. Oku kwedlula izicoci ezixabisayo, nezixhobo ezenziwe ngezandla ezokuhluza.

ii. ***Imigxobhozo igcina amanzi ukuqinisekisa ukuba sifumana amanzi ngexesha lembalela:*** Imigxobhozo isebenza njengezifunxi ezinkulu. Zigcina amanzi, ze ziwakhuphe kancinci-kancinci, ukunceda ukumelana namaxesha embalela xa imvula ingqongophele.

iii. ***Imigxobhozo ingathintela izikhukhula:*** Xa imifula igcwele, imigxobhozo ingagcina amanzi aphuphumayo, yehlise izikhukhula ukuze zondlaleke kakuhle endaweni ezinzile. Iingcambu zemithi kunye nezinye izityalo emgxobhozweni zinceda ukwehlisa isantya samanzi ezikhukhula

iv. ***Imigxobhozo ivuselela amanzi ngaphantsi komhlaba:*** Imigxobhozo ingenisa amanzi ngaphantsi komhlaba ukuze kugcwale amanzi endalo angaphantsi komhlaba.

v. ***Imigxobhozo inceda ukulawula ukukhukhuliseka:*** Izinto ezikhukhuliseka namanzi ziyabambeka kwimigxobhozo. Imigxobhozo yehlisa amandla amanzi anokuthi akhukhulise umhlaba, okubangela ukukhukhuliseka emhlabeni

vi. ***Izikhukhula zikhusela indalo:*** Zininzi iintlobo zezilwanyana ezixhomekeke emigxobhozweni. Imigxobhozo incedisa intlobo-ntlobo zendalo, ezolonwabo kunye namathuba ezoshishino.

IINKXALABO EZINKULU KWIMIGXOBHOZO

Nangona umthetho ulehlise kakhulu izinga lelahleko nokonakaliswa kwemigxobhozo, kusekhona inkxalabo yendalo kwimigxobhozo eshiyekileyo, kwezi zinto ezilandelayo:

- Ukonakala kwendawo yokuhlala
- Ukungcoliseka okumandla
- Ukutshintsha komlinganiselo wamanzi
- Izinto ezisuka ngaphandle ezinobungozi
- Uguquko lwemozulu
- Ukukhula koluntu

UMASIPALA WASEHARRY GWALA IBHUNGA ELIKHULU

OHLONIPHEKILEYO ISEKELA-SODOLOPHU
UCEBA T.N JOJOZI

OHLONIPHEKILEYO USODOLOPHU
UCEBA Z.D NXUMALO



OHLONIPHEKILEYO USOMLOMO
UCEBA M.S.D MDUNGE

OHLONIPHEKILEYO UMBHEXESHI OMKHULU
UCEBA N MHATU

LUNGU LE-EXCO
UCEBA S.D. BEKWA

LUNGU LE-EXCO
UCEBA K.S. DLAMINI

LUNGU LE-EXCO
UCEBA Z. TSHANGASE

UCEBA T.G. SONI

UCEBA T.S.H. GAMEDE

UCEBA S.G MKHIZE

UCEBA X. MEMELA

UCEBA Z.M. NGIDI

UCEBA N.W. DLADLA

UCEBA Z.R. TSHAZI

UCEBA P.N. DAMOYI

UCEBA P.K. MEMELA

UCEBA N. MDA

UCEBA N.R. MTSHALI

UCEBA N.H. ZACA

UCEBA N.H. MALIMELA

UCEBA H.A. LUKHOZI

UCEBA N. DLAMINI

UCEBA Z.P. DLAMINI

UCEBA H.V. MSOMI

UCEBA S.R.L. NZIMANDE

UCEBA B.R. MEMELA

UCEBA B.L. MARNCE

UCEBA B. SIBENI

UCEBA N. MATHE

AMAKHOSI

INKOSI V.V. ZIMEMA

INKOSI M.S.I. ZULU

INKOSI M.B. MJOLI

Umphathiswa Nobuhle Nkabane unikezele ngezijumbana zezipho kutyelelo lwakhe eGinyiqhinga High School kwaWard 22 ngaphantsi koMasipala waseKuhlaleni uMzimkhulu.

INKQUBO YOKUQAPHELA UKUSEBENZA EZIKOLWENI KWISITHILI IHARRY GWALA

INDLU Yowiso-Mthetho KwaZulu-Natal iqale inkqubo yama2025 yokubuyela esikolweni kwisiThili iHarry Gwala, ngokutyelela isikolo samabanga aphakamileyo Indawana ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uMzimkhulu, kwiphulo lokuqaphela umsebenzi ezikolweni. Le nkqubo yokuqaphela umsebenzi ezikolweni yenziwa ngokubambisana noMasipala wesiThili iHarry Gwala, ukuqaphela umsebenzi nokusebenza kwezikolo.

Esi sikolo sinabafundi abangama 700. Kubafundi abangama48 ababhale iimviwo zabo zokugqibela zebanga leshumi, baphumelele ngo98% kumnyaka wama2024. Kwizithwalandwe ebezikhokhela le nkqubo, bekukhona usomlomo wesiThili uceba Sibongiseni Mdunge, abebemele iinkokheli zemveli nguNkosi Umsingaphansi kunye neeNduna, igqiza leNdlu yowiso-Mthetho, igqiza leSebe lezeMfundo, abafundisi ntsapho, amalungu equmrhu lolawulo lwezikolo (SGB), abazali kunye namalungu oluntu. Usomlomo woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Mdunge, nothe woneliseka ngumsebenzi wesi sikolo uthe, “SisisiThili sinethemba kwaye siyakuxhasa ukuba esi sikolo sizakuphumelela ngo100%, kodwa sifumanise ukuba kudingeka uncedo lwamanzi. IsiThili sithumele abasebenzi bezamanzi ukuba baqinisekise ukuba kuziswa amanzi acocekileyo kule ndawo.”

Ngaphandle kwemiceli mngeni isikolo esijamelene nayo yonke imihla, ootitshala nabafundi bazama ukuphumelela ngandlela zonke. Isikolo sicetyiswe ukuba sinike abafundi bamabanga aphantsi uhoyo olufana nolwabafundi bebanga leshumi, ukuze sifumane iziphumo ezincomekayo zesikolo sonke. Le nkqubo iqhubekile yaya Emtshibeni Secondary nalapho ibiqhubeka nokuqaphela umsebenzi. Eminye yemiceli mngeni kwesi sikolo iquka ukugcwala kakhulu nokunqongophala kwezixhobo. Esi sikolo sifumene u100% wempumelelo yeziphumo zebanga leshumi 2024. Ngosuku lwesibini umphathiswa wezeMfundo KwaZulu-Natal uSipho

Umphathiswa wezefundo uSipho Hlomuka, nosodolophu wesiThili iHarry Gwala uZ. D. Nxumalo bebeyinxalenye yenkqubo yokuqaphela ukusebenza ezikolweni, bamkelwe ngezandla ezishushu ngootitshala nabafundi.

Hlomuka, kunye nosodolophu wesiThili iHarry Gwala, baqhubeke nale nkqubo eMdingi High School, ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma.

Esi sikolo, esinabafundi abangama 832, sifumene u85.8% kwiziphumo zebanga leshumi. Nangona esi sikolo senze kakuhle, kodwa inqununu yesi sikolo uNkszn. T. N. Ndimande uqaphele ukuba, lehlile izinga lempumelelo ngenxa yomceli mngeni wokulwa kwesi sikolo, waze wacela uncedo lokuba kongezwe ukhuseleko kwesi sikolo ukuze kubekhona ucwangco. Usodolophu wesiThili, uceba Zamo Nxumalo uveze ummba wamanzi, wacebisa ukuba bakhongozele amanzi emvula, emva kokubona amatanki angasetyenziswa kwesi sikolo. Abahlawuli beenkonzo zikamasipala baye bazimasa olu tyelelo, kuquka usodolophu wesiThili iHarry Gwala, iiNduna, igqiza leSebe lezeMpilo, igqiza leNdlu Yowiso-Mthetho, abafundisi ntsapho, abazali kunye namalungu e-SGB. Umphathiswa Sipho Hlomuka uqinisekise ezi zikolo zombini ukuba ababodwanga, nokuthi isebe lizakuqhubeka libaxhase ukwenza imfundo ibe yimpumelelo.

USODOLOPHU UKHOKHELA INKQUBO YOKUQAPHELA UKUSEBENZA EZIKOLWENI KUNYE NOKUWONGWA KWEZIPHUMO ZEBANGA LESHUMI ZAMA2024

Abaphathiswa kunye nosodolophu Z. D. baqhubeke baya kumasipala wasekuhlaleni uMzimkhulu kwitheko lokuwonga abafundi abaphumelele ibanga leshumi emagqabini Esayidi TVET.

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamo Nxumalo, ekunye nomphathiswa wezempilo Kwa-Zulu Natal uSipho Hlomuka, batyelele iMariathal Combined School, engaphantsi komasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe, besenza inkqubo yokuqaphela ukusebenza ezikolweni. Ngelixa usodolophu ebese Ixopo, umphathiswa weSebe lezeMfundo Ephakamileyo noQeqesho uGqr. Nobuhle Nkabane, utyelele isikolo samabanga aphakamileyo iGinyiqhinga kwaWard 22 ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uMzimkhulu, ngaphantsi kwale nkqubo inye. Umphathiswa Hlomuka usincomile esi sikolo ngeziphumo ezintle zebanga leshumi, waze wasiqhwabela izandla ngomsebenzi omhle wesikolo sonke ukusukela kuGrade R.

Usodolophu Nxumalo naye uncome ulawulo lwesi sikolo, abafundisi ntsapho kunye nequmrhu lolawulo lwesikolo (SGB). Umphathiswa Hlomuka unikezele ngesipho sezihlangu ezingamashumi amahlanu kubafundi abazidingayo.

Abaphathiswa kunye nosodolophu Nxumalo baqhubekile baya kwitheko lokuwonga abafundi abaphumelele ibanga leshumi, nebelibanjelwe Esayidi TVET ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uMzimkhulu.

Ezi nkokheli zincome, zaze zawonga abafundi abaphume emagqabini kweli theko, kuquka ootitshala kune nezikolo ezisebenze kakuhle.

Eli theko yindibano evuselela umdla, apho abafundi abaphume emagqabini nabaphakamise amagama ezikolo zabo ezohlukeneyo, beye banconywa ngokuzinikezela kwabo unyaka wonke.

Kwelinye icala abafundisi ntsapho bancome abafundi babo ngomsebenzi omhle bathi, banethemba lokuba iziphumo zebanga leshumi zama2025 zizakubantle ngaphezu kwezi zama2024.

Ngelixa kuqhuba eli theko, umphathiswa Nkabane uthembise abafundi abalishumi eMzimkhulu ukuba bazakufumana inkxaso yemfundo ehlawulelwe ngokupheleleyo ukuze baqhubeke nezifundo zabo. Inkaba kamphathiswa Nkabane iseMzimkhulu kwilali encinane ebizwa eMfundweni. Watyumba iGinyiqhinga High School kwaye wazibophelela ukuba uzakutyelela esi sikolo rhoqo. Emva kokuba ethethe nabafundi ngezemfundo neenzame zengomso, umphathiswa ubakhuthaze ukuba baqalise ukwenza izicelo kwii-TVET, nezinceda ngezakhono kulutsha, ezizakwenza ulutsha lufake isandla ukuphucula idolophu yakhe yokuzalwa.

Olu tyelelo luqhubekile kwisiThili sonke, njengenxalenye yokuqinisekisa ukuba izikolo zifumana inkxaso eziyidingayo, nenkuthazo xa kuqala unyaka wemfundo.

UMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA UBHIYOZELA IZIPHUMO ZEBANGA LESHUMI

UShai Pitout obengumfundi eLittle Flower Secondary School, uwongwe njengoyena mfundi ophume emagqabini kwisiThili iHarry Gwala.

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala unemincili, uyazingca, kwaye uncoma abafundi bebanga leshumi lama2024 kwisiThili ngeziphumo zabo ezincomekayo. Ngethuba kukhutshwa iziphumo zebanga leshumi 2024 zikaZwelonke e-Inkosi Albert Luthuli International Convention Centre (ICC) eThekwini, isebe lezemfundo KwaZulu-Natal, lipapashe iziphumo zempumelelo ezingama 88.9%. Ezi ziphumo zenyukile xa ziqhathaniswa nezonyaka ophelile ebezingu 87.1%.

Usodolophu wesiThili uceba Zamo Nxumalo, uncome abafundi bebanga leshumi, abafundisi ntsapho, iinqununu, amaqumrhu olawulo lwezikolo kunye nabazali ngomsebenzi omhle. “Lo ngumzekelo wokusebenza nzima nokuzinikezela, hayi kubafundi kuphela, koko nakwiititshala, iinqununu, kumaqumrhu olawulo lwezikolo, kunye nenkxaso yabazali,” utshilo.

Kweli theko, oyena mfundi ogqwesileyo eHarry Gwala, uShai Pitout, obefunda eLittle Flower Secondary, uwongwe njengoyena mfundi ophume emagqabini kwisiThili, waze wakwindawo yesixhenxe kwiphondo iKwaZulu-Natal. Ufumene inkxaso yezemfundo epheleleyo kwiSebe lezeMfundo, ukuze ayokwenza izifundo zobunjineli eKapa.

Usodolophu Nxumalo ukwancome nemizamo yabafundisi ntsapho, nalapho bechitha iiyure ezongezelelweyo ukuqinisekisa impumelelo yabanfundi. Ukwanike abo abangaphumelelanga amazwi enkuthazo, esithi mabangapheli mandla koko mabazame futhi. Xa kuqala lo nyaka omtsha wemfundo, usodolophu Nxumalo unqwenelele bonke abafundi abaphindele ezikolweni kulo nyaka wama2025, impumelelo yodwa. “Sebenzani nzima kwaye nizimisele. Khumbulani ukuba imfundo sisitshixo esiya kwimpumelelo. Sininqwenelela konke okuhle kwimizamo yenu yengomso,” utshilo. Iziphumo ezintle kuMasipala wesiThili iHarry Gwala zibubungqina bomsebenzi onzima nokuzinikezela kwabo bonke abahlawuli beenkonzo zikamasipala ababandakanyekayo. Ngethuba umasipala uqhubeka nokuphucula ezemfundo, ikamva lolutsha lona liqaqambile.



IBHUNGA LOKUQALA KUMNYAKA WAMA2025

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala ufumene iziphumo ezingenachaphaza zophicotho zincwadi kunyaka mali ophele ngomhla wama30 kwEyeSilimela 2024. Umasipala ubambe intlanganiso yokuqala yebhunga yonyaka ngomhla wama28 kwEyoMqungu 2025, kwiholo enkulu yebhunga likamasipala e-Ixopo. Kule ntlanganiso, uMphicothi Zincwadi Omkhulu woMzantsi Afrika (AGSA) ukhuphe ingxelo kaMasipala yonyaka mali wama 2023/2024, nebonisa ukuba umasipala ufumene iziphumo ezinganachaphaza. Usodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo uyamkele le ngxelo, kunye neziphumo zophichotho, wathi uyazingca ngezi ziphumo, waze waqinisekisa uMphicothi Zincwadi Omkhulu woMzantsi Afrika ukuba ibhunga lomasipala wakhe lizakuqinisekisa ukuba liyaphucula kwiindawo eziphakanyiswe kwingxelo yoMphicothi Omkhulu. Usodolophu ukwathe, ibhunga lizakusungula indlela yokusombulula unobangela wezi ziphumo. Le ntlanganiso inike ibhunga kunye nolawulo umdla kulo nyaka wama2025, bagxininisa ukuba ukuhanjiswa kweenkonzo kuzakuhlala kungundoqo.

Cllr. P Memela

UTYELELO LWEZIZA LWESITHILI IHARRY GWALA

Usodolophu, uceba Nxumalo ebenemincili ngengxelo nesantya akazibone kutyelelo lweeprojekthi ezohlukeneyo.

ILIHAMBE lincumile ulawulo loMasipala wesiThili iHarry Gwala emva kotyelelo lweziza kuMasipala iGreater Kokstad. Olu ncumo lubangelwe yinkqubo yomsebenzi kwiprojekthi iKempsdale Dam.

Le projekthi sele iqalile, kwaye usodolophu wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamo Nxumalo, uye wavuya kakhulu akufumana ingxelo malunga neprojekthi iKempsdale Dam, eqikelelwa kwizigidi ezingama R200 (R200 million), nekuthiwa izakuphelisa imiceli mngeni yamanzi eKokstad.

Le projethi izakuphucula izinga lamanzi kwidama ukuze akwazi ukumelana nezidingo zamanzi kude kufike umnyaka wama2040. Izakuqinisekisa ukuhlinzekwa ngamanzi awoneleyo, akhuselekileyo nacocekileyo eKokstad. Usodolophu, uceba Nxumalo, wonelisekile yingxelo kunye nexesha lomsebenzi, nanjengoko ezibonele kwisiza. Oku yinxalenye yotyelelo lomasipala kwiiprojekthi, ukuqinisekisa ukuba ezi projekthi ziyagqitywa ukuze kuphuculwe ukuhlinzeka ngamanzi eluntwini. Olu tyelelo belungagxilanga kwiiprojekthi kuphela, nanjengoko abalawuli beye batyelela i-ofisi yaseKokstad ukuyokhuthaza, ukuqaphela abasebenzi kunye nemeko abasebenza ngaphantsi kwayo. Bahambe umgama weekhilomitha ezine kwindawo yaseHorseshoe, nalapho bebejonga imiceli mngeni yamanzi, nokujonga ukuba ingasonjululwa kanjani. Oonokhontilakhi nabacebisi baye bakhuthazwa ukuba bonyuse iikawusi ukuqinisekisa ukuba bayalibamba ixesha abalibekelweyo.

Le projekthi yatyelelwa ngowayesakuba ngumphathiswa wezamanzi nogutyulo lwelindle uSenzo Mchunu, nalapho wayeyophethula isoyi, esungula iprojekthi ezakuphelisa imiceli mngeni ejongene namanzi eKokstad, nekuyidolophu ekhula ngokukhawuleza kwisiThili iHarry Gwala. Ummba otshisa ibunzi wezikali-manzi, uye wathethwa, kwacaciswa ukuba uzakunceda abahlali nanjengoko ezakuqinisekisa ukuba amanzi ayahlawulelwa, kwaye iyaphela inkcitho yamanzi. Njengenxalenye yotyelelo, eli gqiza liqale usuku kwiprojekthi yogutyulo lwelindle eHorseshoe neyokuphuculwa kwezakhiwo

Ulawulo lomasipala luqhubeke nokuhlola iziza ezohlukeneyo ukujonga inkqubo ukuqinisekisa ukuba bayangenelela apho kukho isidingo.

eBhongweni.

Igqiza leHarry Gwala lotyelelo lweziza lamkelwe ngezandla ezishushu ngabahlali e-Underberg ngenxa yomsebenzi oqhubeka kakuhle. Oku kuhlangabezana nemizamo kamasipala yokuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo okuphucukileyo ebantwini. Usodolophu wesiThili uceba Zamo Nxumalo, kunye noMphathi Masipala uGamakhulu Sineke, bafumene ithuba elihle kuthetha noluntu lwase-Undeberg. Ezi ngxoxo bezibanjelwe eCountry Club ngethuba kutyelelwe iziza zamanzi nogutyulo lwelindle kule ndawo. Utyelelo lweziza lubonakalisa ukungabina mfihlo, ukuthetha nabahlali ukusombulala imiceli mngeni enokwenzeka nezinye iingxaki ngokoyamene nokuhanjiswa kweenkonzo. Kukwaphendulwe nemibuzo ebibhalelwe umasipala liqumrhu labahlali laseSani Pass. Eli gqiza liqhubekile laya kwisigaba sokuqala nesesibini seKhuleka Water Scheme, kunye nesigaba sesibini eCreighton Water Supply Scheme, kwaye bonelisekile yinkqubo yezi projekthi.

Xa beqhubeka nohambo lwabo lokuqaphela inkqubo yomsebenzi nokuqinisekisa ukungenelela apho kukhona isidingo, eli gqiza ligqithele kuMasipala wasekuhlaleni uMzimkhulu. Olu tyelelo kulo masipala wasekuhlaleni, nobelukhokhelwe ngusodolophu uceba Zamo Nxumalo, luqinisekisa isithembiso sabo sokufezekisa uxanduva lwabo lokuhlinzeka ngamanzi oneleyo, acocekileyo aselwayo kubahlali besiThili. Umphathi masipala, u-G. M. Sineke naye ebekhokhela eli gqiza. Utyelelo luqale eMbizweni Water Supply Scheme kuMasipala wasekuhlaleni uMzimkhulu, apho kwakhiwa isitishi sokuphehla nokonyuswa kodonga. Baqhubekile baya kwiMachunwini Water Supply Scheme kunye neGreater Mnqumeni Water Supply Scheme isigaba sesihlanu. Ezinye zeeprojekthi ezityelelweyo ziquka: kwaMay Theekloof kunye neGreater Summerfield. Le nkqubo yotyelelo lweziza izakuqhubeka kubo bonke oomasipala basekuhlaleni, nalapho injongo ikukuqinisekisa ungenelelo apho kukhona imiceli mngeni.

Intlanganiso yamacebo eziwangciso ibibanjelwe eScottburgh kwiSouth Coast, nalapho abaphathi, abalawuli kunye neenkokheli zezopolitiko bebelungiselela uhlahlo lwabiwo mali lwama 2025/2026 kunye ne-IDP.

UMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA UME KWILIZWI LAWO LOKUHAMBISA IINKONZO NANJENGOKO KUQHUTYWA ISESHONI YECEBO LEZICWANGCISO

INTLANGANISO yoMasipala wesiThili iHarry Gwala yecebo lezicwangciso ibe yimpumelelo, nanjengoko bekwabelanwa ngemibono ngomlomo, kwaye izakusungulwa ukuqinisekisa ukwenza undoqo ukuhanjiswa kweenkonzo ebantwini.

Le yintlanganiso enkulu epheleleyo kamasipala egxile kwimiceli mngeni yoluntu ukufumana izisombululo, ngakumbi kwiiprojekthi ezingundoqo kunye nemiceli mngeni, ekhokhela izicwangciso zonyaka ngokwabelana ngemibono eyohlukeneyo.

Le ntlanganiso yecebo lezicwangciso ibibanjelwe eScottsburg kwiSouth Coast ngabo bonke abaphathi, abalawuli kunye neenkokheli zezopolitiko ebezikhona, nalapho kungekho mathandabuzo ukuba, injongo yabo yokuhambisa iinkonzo ibibalulekile.

Konke oku bekufundisa ubugorha, ukukhuthazeka, ukuziphatha, nokuthi abasebenzi kufanele bafane nomxholo walo nyaka: “Ukulinganisa izibalo, ukuphatha wonke umntu ngendlela efanayo ukuhambisa iinkonzo okungcono.”

Le ntlanganiso yecebo lezicwangciso ibigxininise kuphononongo lohlahlo lwabiwo mali lonyaka mali wama2024/2025 nokulungiselelwa kohlahlo lwama2025/2026. Kuphononongwe necebo lophuhliso lwentlanganisela (IDP), nelawula uhlahlo lwabiwo mali.

Imiba obekugxilwe kuyo iquka, ukusebenza kwamaziko amanzi, inkqubo kufakelo lwezibali-manzi nokuqala kwazo ukusebenza, iiprojekthi zeenkonzo zezakhiwo kunye namacebo okungenisa imali kwisiThili.

Ooceba ebebeyinxalenye yale ntlanganiso bakwazile ukufuna ingcaciso kwimiba ethile eveziweyo njengenxalenye yokuqinisekisa ukuphendula nokungabina mfihlo.

Usihlalo wale ntlanganiso, usodolophu uceba Zamo Nxumalo, kwintetho yakhe ugxininise ukuba, eyona nto ebalulekileyo kukuqinisekisa ukuba umasipala uyakwazi ukuhambisa iinkonzo eluntwini lwaseHarry Gwala, amanzi acocekileyo kunye nogutyulo lwelindle kumntu wonke.

Ukuze wenze kanjalo, utshilo, kufanele kubekhona izicwangciso ezilungileyo kummba wohlahlo lwabiwo mali ngendlela eyiyo, kuzo zonke izinto ezibalulekileyo ukuhambisa iinkonzo koomasipala basekuhlaleni.

Intlanganiso yokwamkelwa kukaNkosi M. B. Mjoli

UNkosi Mboneni Benedict Mjoli wenze isifungo phambi kwesikhokhelo somasipala.

UNYAKA wama2025 uqale ngomdla ophezulu kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, nanjengoko kwamkelwe inkokheli eyaziwayo yemveli uNkosi Mboneni Benedict Mjoli kwibhunga lesiThili.

INkosi ifungiswe ngokusesikweni ngomhla wamashumi amabini ananye kwEyoMqungu 2025, kumagumbi ebhunga loMasipala wesiThili iHarry Gwala e-Ixopo. UNkosi Mjoli wenze isifungo sakhe sokusebenza phambi koMphathi Masipala uMnu. Gamakulu Sineke, usomlomo wesiThili uceba Sibongiseni Mdunge, ilungu lesigqeba sikasodolophu uceba Simphiwe Bekwa, kunye nosodolophu wesiThili uceba Zamo Nxumalo.

UMnu. Sineke wamkele uNkosi, waze wamnqwenelela okuhle xa ezakusebenzela abantu bakhe baseHarry Gwala, ngokuthembeka nangokulandela isifungo sakhe. “Unikwe eli wonga lokumela abantu, esi sithuba sifuna uzimisele, kwaye unoxanduva ngendlela yokuba kufanele ubomi boluntu kwisiThili buze kuqala kwaye uzise utshintsho kulo, ngakumbi kuhanjiso lweenkonzo,” utshilo uMphathi Masipala.

USodolophu Nxumalo naye uphose amagama ambalwa, wancoma nobuntu bukaNkosi Mjoli. Uthe, bakhe basebenza kunye ngaphambili kwaye akathandabuzi ukuba bazakuqhubeka basebenze kakuhle kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, nanjengoko bephinde banethamsanqa lokudibana futhi.

UMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA UZILELA UKUSWELEKA KOMNYE UMSEBENZI:

PHELOKAZI FAITH MAFA

Abahlobo, usapho kunye noogxa bakaPhelokazi Faith Mafa, beze ngobuninzi babo ukuzonika intlonipho kothandiweyo wabo, kwinkonzo yakhe yesikhumbuzo.

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala ubambe inkonzo yesikhumbuzo songasekhoyo uNkszn. Phelokazi Faith Mafa ngenyanga YoMnga 2024, kwiholo yoluntu eClysdale eMzimkhulu. uNkszn. Phelokazi Mafa uqale ukusebenza kuMasipala wesiThili iHarry Gwala njengomncedisi jikelele, kwisikhululo samanzi eMzimkhulu ngo2010. Abalawuli bomasipala babonakalise intlungu ngokulahlekelwa kwabo, nanjengoko belahlekelwe liqhawe. UPhelokazi ebesaziwa njengomntu onentliziyo efudumeleyo, ohlala onwabile, kwaye ewuthanda kakhulu umsebenzi wakhe kunye nobomi. Ukusweleka kwakhe kushiye umngxuma omkhulu kwabathandiwe bakhe kunye noogxa bakhe. Le nkonzo yesikhumbuzo ibizimaswe ngamalungu osapho, abahlobo kunye noogxa bakhe. Njengokuba isizwe sijamelene nenani eliphezulu lokubulawa ngokungenalusini kwabasetyhini nabantwana, uluntu ludikiwe kwaye alusafuni kuqhubeka ngokuthi kukuxhatshazwa ngokwesini, ngelixa abasetyhini nabantwana beqhubeka ukuba ngamaxhoba. Uceba Noluthando Mhatu ukutsho oku ngethuba esenza intetho yakhe, waqhubeka wathi, “Intliziyo yam iyaqaqamba emva kokuba ndive iindaba zokugqitha kwakhe emhlabeni. Sidinga amadoda azakudlala indima yokukhusela abasetyhini nabantwana. Singamanina, siqhankqalazile, sathandaza, kodwa ukubulala kuyaqhubeka. Siyazi ukuba akungawo onke amadoda angenazintliziyo kungoko sibabongoza ukuba babe lilizwi elivakalayo. Amadoda mawaphakame, aphelisa okukubulawa kwabasetyhini nabantwana. Abantu basetyhini abakwazi nokuhamba ngokukhululeka ngoba banexhala lokuhlaselwa okanye babulawe, nangabo abathi bayabathanda.”

Usomlomo wesiThili, u SD Mdunge uthe, “anga amazwi entuthuzelo anganipholisa, imithandazo ithobe intlungu zale lahleko. Imithandazo neenkumbulo ezifudumeleyo zizo esishiyeka nazo ukuze sikhumbule esibathandayo abasishiyileyo,” utshilo usodolophu. Uqhubeke wathi, bekubuhlungu kakhulu ukuva usapho lukaPhelokazi luchaza indlela umfi ebeyiyo, ngenene “isitya esihle asidleli.” Usapho lwenze umbulelo ongazenzisiyo ngenkxaso oluyinikwe sisiThili ngexesha labo lobumnyama. Unkszn. Phelokazi Faith Mafa wabekwa kwikhaya lakhe lokuphumla ngomhla wamashumi amabini ananye kwEyoMnga 2024, ekhayeni lakhe eMambulwini.

WANGA UMPHEFUMLO WAKHE UNGAPHUMLA NGOXOLO.

UMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA UHLONIPHA ABANTU ABADALA

UMHXOLO

"UKUKHULA NGESIDIMA" – UKUBALULEKA KOKUQINISA UHOYO NOKUXHASA ABANTU ABADALA KUMHLABA WONKE

Iintshatsheli zeGolden Games 2024 eziphuma kubo bonke oomasipala basekuhlaleni ngaphantsi kwesiThili iHarry Gwala, ziwongwe ngusodolophu, uceba Z. Nxumalo kwithekho lokubhiyozela iKrisimesi labantu abadala.

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo umeme iintshatsheli zeGolden Games 2024, eziphuma kubo bonke oomasipala basekuhlaleni kwesi siThili ukuze babhiyozele iKrisimesi, ixesha lezipho, e-Amble-Inn e-Ixopo kwEyoMnga 2024.

Injongo yale nkqubo ibikukubonisa intlonipho kubantu abadala kwisiThili. Usodolophu Nxumalo uthe, ngexesha lemibhiyozo yokuphela konyaka abantu abadala abahoywa, kwaye badla ngokuchitha ezi holide bebodwa. Eli theko lenzelwe ukubahlonipha nokubulela ubukho babo, nanjengoko bebaluleke kakhulu eluntwini kwaye kufanele bahlonitshwe banikwe iwonga. Kumenywe isithethi esisuka kwiSebe lezeMpilo, nesithethe ngeendlela ezinempilo ezinokulandelwa ngabantu abadala ukuze baphile ixesha elide. Usodolophu unikezele ngezipho kwiindwendwe zakhe ezikhethekileyo waze waziteketisa ngezinto ezimnandi. "Egameni loMasipala wesiThili iHarry Gwala, ndigqithisa intlonipho neminqweno emihle kumntu wonke. Nanga nonke ninga neKrisimesi emyoli kolu suku lolonwabo. Nanga nonke ninga nonyaka omtsha onocwangco noyokozela ngamathamsanqa," utshilo usodolophu Nxumalo. Lo msitho uphele ngeziyongo, umculo nomjuxuzo, kubhiyozelwa olu suku.

Kulumkiswa ngomhlaza eHarry Gwala

Oogqirha bezempilo kunye nabasebenzi babambe iingxoxo ngosuku lwesilumkiso somhlaza kuMasipala wesiThili iHarry Gwala.

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala, ubambisene necandelo lezempilo nokhuseleko, ubambe usuku lwesilumkiso ngomhlaza kwii-ofisi ezinkulu zoMasipala wesiThili iHarry Gwala e-Ixopo.

Abezempilo, uGqr. L. G. Nemukongwe kunye noSr Sikhosana, abasuka e-AVIA Occupational Health Care Services, bathethe nabasebenzi ngamanyathelo abalulekileyo ekufuneka uwenze ukulwa nomhlaza.

Le ntlanganiso yinkqubo yolwazi nemfundo, apho bekuxoxwa ngeentlobo ezohlukeneyo zomhlaza neendlela zokhuseleko ekufanele uzenze xa umhlaza ubhaqwe ngethuba. USr Sikhosana, kwintetho yakhe, uqale ngokucacisa ukuba umhlaza sisifo apho ezinye i-cells zomzimba zikhula ngokunga lawuleki zize zinabele kwezinye iindawo zomzimba.

Uqhubeke wanika ingcebiso ngendlela zokuba umntu kufanele awunakekele kanjani umzimba wakhe xa efumana unyango lomhlaza, nendlela yokuphila ngeli xesha elinzima.

Ngethuba kubuzwa nokuphendulwa imibuzo, uGqr. Nemukongwe uchaze ukubaluleka kokuhlolwa, nokuba ukhohlela kancinci, nanjengoko kubalulekile ukuba umntu atyelele iziko lezempilo ukunqanda ingozi.

“Kufanele singazibethisi ngoyaba iimpawu, ukubhaqwa ngethuba kungakunika amathuba angcono okulwa nomhlaza,” kutsho uGqr. Nemukongwe.

Lo mthwalo womhlaza uyaqhubeka nokukhula umhlaba wonke, ufaka uxinzelelo ngokomzimba, umoya kunye nezimali kubantu, iintsapho, uluntu kunye nabezempilo.

Ukubamba iingxoxo zezilumkiso rhoqo kunganceda ukuba umhlaza ubhaqwe ngethuba, unyango olusemgangathweni kunye nempilo ende.

UMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA ISUNGULA ISIGABA 5 SE-EPWP

Baye bonwaba abathathi nxaxheba kumsitho wokusungula i-EPWP Phase 5, apho abaxhamli bangaphambili beye babelana ngamabali abo empumelelo ukukhuthaza abalandelayo.

INKQUBO yemisebenzi yoluntu eyongezelelweyo (EPWP) ibigqiba iminyaka engamashumi amabini ngonyaka wama2024. Umasipala wesiThili iHarry Gwala wenzele abasebenzi be-EPWP umbhiyozo wokusungula isigaba sesihlanu se-EPWP ePeace Initiative Hall e-Ixopo, kwinyanga YeNkanga kunyaka ophelileyo.

Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo kunye nosomlolo uceba M. S. D. Mdunge, bebambisene noomasipala basekuhlaleni kulo masipala, uBuhlebezwe, iGreater Kokstad, iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma kunye noMzimkhulu, benze umbulelo ngenkxaso yalo msitho. Isebe leenkonzo zezakhiwo lidale amathuba angama312 emisebenzi ngo2024, kwisiThili iHarry Gwala, kwaye uceba iinkqubo zophuhliso lwezakhono ezizakudala amathuba engqesho kumasebe aquka, iSebe lezoLimo, Imicimbi yoKusingqongileyo, Uphuhliso lwaMakhaya neMihlaba, nanjengoko la masebe edlala indima enkulu kwaye exhasa i-EPWP ngokuqesha abantu kumaziko abo ophando nakwindawo zogcino lwendalo kwisigaba sokusingqongileyo namasiko.

Umphathi wephondo we-EPWP kwezeMisebenzi Yoluntu, uNkszn. Nokwanda Gcaba, esenza intetho yakhe, uthe: “Xa sivuselela isicelo sethu kwisigaba sesihlanu, umsebenzi wethu nenkolelo yethu aziguqukanga, kodwa injongo yale nkqubo kukuhlangabezana ngamandla nemiceli mngeni yentswela ngqesho, ngendlela ephucukileyo. Indlela ngaphambili idinga intlanganela yobulumko, izakhono, kunye nokuzinikezela komntu ngamnye okhona apha namhlanje,” Uqhube wathi: “Xa sityhila isicelo sesigaba sesihlanu se-EPWP, masibe moyamnye, sicinge ngendlela ephucukileyo, kwaye sizimisele ukwenza ikamva eliqaqambileyo lolutsha lwethu, abasetyhini, uluntu kunye nesizwe.”

Umbono wokwenza iindlela zokuphuma bubungqina besibophelelo esizakuqinisekisa ukuba uhambo lwe-EPWP lukhokhelela ekuphuculeni amathuba engqesho, ukuzisebenza, ookopolotyeni namashishini anokuthi aqeshe abantu abaninzi, nokuqinisekisa ukuba njengenxalenye yale nkqubo, asibuyeli emva kwintlupheko nokungaqiniseki, kodwa siqhubekela phambili ngokuzethemba, ukuba ngoosomashishini kunye nengqesho ebalulekileyo. Isigaba sesihlanu se-EPWP simema bonke abaxhamli ukuba babe yinxalenye yoluhambo lotshintsho. Uhambo olungajonganga ukutshintsha ubomi kuphela, koko oluzakutshintsha imbali yesizwe sethu. Abo ababesakuba ngabaxhamli kwi-EPWP kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, baye babelana nabaxhamli be-EPWP ngohambo lwabo ngethuba bengabaqeqeshwa be-EPWP, ukuba khuthaza ukuba iminqweno yabo ingaphumelela ngale nkqubo. Ekupheleni kwalo msitho, usomlomo uceba M. S. D. Mdunge, wenze umbulelo ngale nkqubo. Esenza ithetho yakhe uthe, “Amathuba awanamkhethe. Awakhethi bala okanye isini. Ukuba uzimisele, kuzalandela impumelelo. Sebenzisani la mathuba emisebenzi yethutyana eniyinikwa ngurhulumente ngenkqubo i-EPWP, njengenyathelo lokuqala elisingisa kwimpumelelo.”

Eli sebe lizinikezele kuphuhliso lweempilo zoluntu ezilusebenzelayo. Ngeenkqubo ezifana ne-EPWP, lisebenzela ukwakha iphondo elitsha, elikhulayo neliphumelelayo.

UTYELELO LUKAMPHATHISWA BUTHELEZI

Umphathiswa we-CoGTA uMfu. Thulasizwe Buthelezi utyelele izipaza kunye neevenkile e-Ixopo.

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala wamkele umphathiswa wemicimbi nolwawulo lwasemakhaya (CoGTA) uMfu. Thulasizwe Buthelezi kutshanje, kwindibano bahlawuli beenkonzo zikamasipala kunye neeNkosi kule ngingqi. Umphathiswa wamkelwe ngusodolophu wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamo Nxumalo. Emva kwale ndibano kutyelelwe umbindi wedolophu e-Ixopo ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe, kujongwa izaphuli mtheto. Umphathiswa uMfu. Thulasizwe Buthelezi uthethe neeNkosi kwiingxoxo zendlu yamaKhosi yaseHarry Gwala kunye neenkokheli zamaKhoisan, nalapho umphathiswa ethetha neeNkosi ngolawulo lweeNkosi kwisiThili.

Emva kwale ndibano, umphathiswa uMfu. Thulasizwe Buthelezi ukhokhele inkqubo yolawulo lomthetho e-Ixopo. Umphathiswa utyelele izipaza kunye neevenkile ukuqinisekisa ukuba imithetho kazwelonke neyoomasipala iyalandelwa kusini na. Umphathisa ebephelekwa ngabalawuli besiThili iHarry Gwala, abomasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe kunye nabakwaGoGTA. Injongo yale nkqubo kukukhusela uluntu kumashishini anganyanisekanga.

UCWEYO LOKULWA NOBUQHOPHOLOLO NOLAWULO OLULUNGILEYO KULAWULO LWASEMAKHAYA

Kukhuthazwa umthetho wolawulo olusulungekileyo kurhulumente wasemakhaya.

INKXALABO zobuntu nokunyaniseka ziyafika xa kubuzwa ngokunyaniseka kwabalawuli, nethemba loluntu kurhulumente luya lusehla imihla ngemihla. Kutshanje, icandelo lolawulo lwengozi kuMasipala wesiThili iHarry Gwala libambe ucweyo loomasipala basekuhlaleni, ooceba kunye nabaphathi, lokulwa nobuqhopholololo kunye nokufundisa ngomthetho wolawulo olulungileyo, kumagumbi ebhunga kumasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe e-Ixopo.

Kwizitatanyiswa ebezizimase olu cweyo bekukhona usekela sodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba N. Jojozi, usomlomo wesiThili iHarry Gwala uceba S. Mdunge, uMnu. Lwandile Bebula, ongusekela mphathi wezophando kumasipala, GoGTA, uMnu. Bongani Khuzwayo ongusekela mphathi wokulwa nobuqhopholololo kwi-ofisi yeNkulumbuso, kunye nabaphathi abasuka koomasipala basekuhlaleni uBuhlebezwe, uMzimkhulu, iGreater Kokstad kunye neDr. Nkosazana Dlamini-Zuma.

Olu cweyo belunika uqeqesho kubaphathi besiThili, kuquka ukuthembeka, ukunyaniseka, intlonipho kunye neempendulo, ngeenjongo zokubakhumbuza ngeenzame zokulwa nobuqhopholololo, kugxininiswe kuncedo kwezoqoqosho, ulawulo kunye nobuntu kwisiThili, ngokwe 2026 Local Government Anti-Corruption Stratedy (Indlela zolawulo lwasekuhlaleni zokulwa nobuqhopholololo 2026) (LGACS), ezibophelela uncedo ngeengxoxo zikazwelonke zolawulo nobunkokheli obulungileyo koomasipala.

I-LGACS iceba ukwenza umqulu ophononongiweyo othetha ngendlela yokuziphatha kunye neendlela zokusungula ulawulo nokukhokhela okulungileyo. Lo mqulu, ongumbono we-LGACS, uzakuba ngumthetho wolawulo olulungileyo koorhulumente basemakhaya eMzantsi Afrika.

Ngokuthobela umthetho wokuzilawula, abaphathi bolawulo lwasemakhaya kunye nabasebenzi, bazakubonisa ukuzinikezela kwabo nokungabinamkhethe kuluntu lwabo, nokwenza okulungeleyo kuluntu. Okubalulekileyo kukwenza okuhle nokuba akukho mntu obonayo.

 # YenzaOkuhleNokubaAkukhoMntuObonayo
#YithiHayiKubuqhopholololo

Umphathiswa wezothutho nokuhlaliswa koluntu uSiboniso Duma, utyelele uNkosi Ntobeko Msingapantsi weBhunga loBukhosi bamaBhaca Zwelethu.

UMPHATHISWA DUMA WAMKELWE NGEZANDLA EZISHUSHU NGUNKOSI NTOBEKO MSINGAPHANSI WENDLU YOBUKHOSI BAMABHACA EMZIMKHULU

UNKOSI Ntobeko ka Gobizizwe Msingapantsi ucele umphathiswa wezothutho nokuhlaliswa koluntu, uSiboniso Duma, ukuba axhase ukwakhiwa komzila kaloliwe kule ndawo. UNkosi uthe, uxhalabile nanjengoko iindlela zisonakaliswa zizigadla ezithwele iingodo. UNkosi kunye nebhunga lakhe bamamkele ngezandla ezishushu uDuma, usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo, oosodolophu boomasipala basekuhlaleni kunye neenkokheli zasekuhlaleni. UDuma uthe: “Siziva sisikelelekile ukwamkelwa yiNkosi nebhunga lakhe. Siyazisile iNkosi ngolwakhiwo lwezindlu kunye nemigwaqo eMzimkhulu. Sinikezele nangezindlu kuluntu oluzidingayo. Siyangqinelana neNkosi ngesidingo senkxaso yomzila kaloliwe ukuze imithwalo ihanjiswe ngololiwe,” kutsho umphathiswa Duma. Uqhube wathi: “Sinike nangengxelo yenkqubo yolwakhiwo lwebhulorho Icabana exabisa ngaphaya kweR34 million.”

Le bhulorho kulindeleke ukuba igqitywe ngoCanzibe kulo nyaka, kulandela ukulibaziseka ngakwicala likanokhontilakhi. Umphathiswa uthe, isebe lakhe limkhalimele kabukhali unokhontilakhi lamxelela nokuba lizakumohlwaya ukuba uphinde walibazisa kwakhona. Abahlali abasakwazi ukulinda into ekuyeyabo, utshilo umphathiswa. Bangaphaya kwewaka abahlali abaye baqeshwa xa kulungiswa umgwaqo uP601, odibanisa abahlali abasuka eFranklin abaya eMzimkhulu. Umgama walo mgwaqo ziikhilomitha ezingama 45.869.

IINQWELO EZITSHA EZIZAKUNCEDISA UKUHAMBISA IINKONZO

Kunikezelwa ngesigadla eMngeni Satellite ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala.

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo, unikezele ngesigadla kwicandelo leenkonzo zamanzi kutshanje.

Ngethuba usodolophu enikezela ngesi sigadla uthe, esi sigadla sizakunceda umasipala nanjengoko sizakunceda kwisiThili sonke ukuhambisa iTLB ukusuka kwenye indawo ukuya kwenye, nanjengoko iTLB ingakwazi ukuqhutywa umgama omde. Esi sigadla singasetyenziswa ukuhambisa ezinye izithuthi zikamasipala ezonakeleyo xa kukhona isidingo sokuzisusa kwenye indawo ukuya kwenye. Esi sigadla sizakumnceda kakhulu umasipala ukuqinisekisa ukuba iTLB ihanjiswa kwangethuba, kunciphe okanye kuphele nemali yokuqasha isigadla esizakwenza oko.

UMNGCELELE WOMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA WE-LGBTQIA+PRIDE

Iinkqubo zosuku lwe-LGBTQA+PRIDE ebelibanjelwe kumasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad, eziqale eCentral Park ukuya e-Oval Sports Ground, apho umsitho ububanjelwe khona, nalapho kuthethwe kwaze kwafundiswa ngamandla e-LGBTQA kuluntu.

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala usingathe umngcelele we-LGBTQIA+PRIDE kumasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad, njengenxalenye yokwenza isithuba sokunceda ukuba wonke umntu aphile ngaphakathi nangaphandle koluntu lwakhe.

Esi silumkiso, ebesibanjwe kweYeNkanga kunyaka ophelile, besizimaswe ngamalungu e-LGBTQIA+ asuka koomasipala basekuhlaleni uBuhlebezwe, iGreater Kokstad, iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma kunye noMzimkhulu.

Lo msitho uqale ngomngcelele osuka eCentral Park ukuya kwindawo obubanjelwe kuyo, e-Oval Sport Ground ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad. Lo msitho ubuzimaswe bubukho bukasekela sodolophu we-HGDM uceba N. Jojozi, usomlomo uceba M. S. D. Mdunge kunye nosomlomo weGreater Kokstad uceba B. K. Nozaza, ukuxhasa ukulwa nengcindezelo yabantu abaphila njengoluntu lwe-LGBTQIA+.

Injongo yalo msitho ibikwakuku bhiyoza nokulumkisa amalungu oluntu, ngeengxoxo, imiboniso yokuzingca, ucweyo, iintlanganiso neekhonsathi. Imisitho yee-LGBTQIA+ PRIDE itsala izigidi zabathathi nxaxheba umhlaba wonke.

“Injongo yokubhiyozela le nkqubo kukuhlonipha nokukhanyisa uhambo labantu abazi-LGBTQIA+ abalihambile ekuhlaleni, elizweni nakumazwe angaphandle. Kufanele siyamkele indlela umntu ngamnye adalwe ngayo nanjengoko sonke singumfanekiso kaThixo. Akekho umntu onelungelo lokukhetha isini akasithandayo,” utshilo uceba N. Jojozi. Ulutsha lwe-LGBTQIA nabanye abaxhasi kuzwelonke kunye neminye imibutho, zizimase lo msitho ngomdla omkhulu ngokukhuthaza ukwamkeleka nenkxaso yolutsha lonke, kuquka nabo abacingelwayo eluntwini, ezikolweni nakwezinye iindawo, kubongozwa ukuba kube ziindawo ezikhuselekileyo, nezingcono kulutsha lonke. Usomlomo uM. S. D. Mdunge ugqibezele ngokuthi: “siyazidinga iinkqubo ezifana nale ukufundisa abantu, sigxininise kuluntu ukuba luvisisise ukuba kukhona abantu abazii LGBTQIA+, ngoba kubuhlungu ukubona ukuxhatshazwa kwabantu abazii-LGBTQIA kwiilokishi bebandlululwa, nokuxhatshazwa okufana no‘kudlwengula kokulungisa’ kunye nolunye ulwaphulo mthetho. Kubalulekile ukugqithisa umyalezo ebantwini ukuze bamkele ukuthi ningoobani. Ningamalungu apheleleyo oluntu lwethu oluhle oluhlukeneyo. Musani ukuyokika niphile ngexhala. Akululo uhlobo loluntu esifuna ukulwakha. Kungoko sifune ukubalapha ukuze sithumele loo myalezo kwanoku khuthaza abantu abazii-LGBTQIA+ kwiilokishi, ukuba siyanithanda,” utshilo usomlomo.

#IintsukuEzili16ZokulwaNokutshaxhazwa
#HayiUkubulawaKoluntuLweLGBTQIA+

UMPHATHI MASIPALA WEHARRY GWALA WAMKELA ABASEBENZI ABATSHA

UMnu. Gamakulu Sineke, uMphathi Masipala woMasipala wesiThili iHarry Gwala, wenze intetho nokwamkela abasebenzi abatsha kwii-ofisi zeBhunga.

UMPHATHI Masipala, uMnu. Gamakulu MaArt Sineke, wamkele ngezandla ezishushu abasebenzi abatsha boMasipala wesiThili iHarry Gwala ngomhla weshumi elinesine kwinyanga YoMqungu 2025. Kule ntlanganiso, ugxininise ukubaluleka koku ngabinamfihlo nokuphendula kwimisebenzi yabo. Aba basebenzi baxelelwe nangemithetho yezengqesho kunye nobuhlobo kubasebenzi, ukuqinisekisa ukuba bayakwazi konke okulindeleke kubo.

UMnu. Sineke ukhumbuze aba basebenzi abatsha ngendlela abanethamsanqa ngayo ukusebenzela lo masipala, waze wababongoza ukuba bathobele imithetho yomasipala. Ubakhuthaze ukuba beze nemibono ephucukileyo, nezakuncedisa ukukhula nenkqubela phambili kumasipala.

Umasipala uqeshe ngokupheleleyo abantu abangama23, kunye nabalithoba abethutyana. Uninzi lwaba basebenzi bakwicandelo leenkonzo zamanzi, okungundoqo walo masipala. Baquka: Driver Supervisor, Process Controller, Artisan Plumber, Call Centre Agent, Artisan Builder, General Worker nabangama 311 kwaEPWP.

Kuhambo lwabo aba basebenzi abatsha, bazakuba yinxalenye yomasipala ezibophezelele ukuhambisa iinkonzo ezilungeleyo kuluntu lwawo. UMasipala wesiThili iHarry Gwala unombono wokuphuma phambili kwiinkonzo zamanzi kwiphondo iKwaZulu-Natal ngo2030, nalapho uluntu lwawo luzabe luxhamla kwezolimo nezokhenketho.

NANKU UMPHATHI WEEPROJEKTHI OMTSHA (CHIEF TECHNICIAN)

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala uthanda ukunazisa ngokuqeshwa kukaMnu. Zwanani Mkhaba, njengoMphathi weeProjekthi (Chief Technician). UMnu. Mkhaba wazalelwa wakhulela kwilali iMfume Mission.

UMnu. Mkhaba uphumelele ibanga leshumi eVumandaba High School eMfume Mission ngaphambi kokuba aphumelele iNational Diploma kwiCivil Engineering kunye neB-Tech Degree kwiWater Engineering (Durban University of Technology).

Uyingcaphephe esemthethweni yezobunjineli kwaye ubhaliswe kwiKhansile yeeNjineli yoMzantsi Afrika (ECSA)

UMnu. Mkhaba uqale ukusebenza ezantsi njengeNgcaphephe yeNjineli kwezeMigwaqo eMakhaotse, Narasimulu & Associates. Wasuka apho waya eMN Africa apho wayesebenza njenge Ngcaphephe yeNjineli ephezulu kwezeMigwaqo.

UMnu. Mkhaba ukwasebenze eZiinzame Consulting Engineers njengeNgcaphephe yeNjineli ephezulu, ngaphambi kokuba aqhubeke aye eMvubu Consulting, apho wayesebenza njenge Resident Engineer. Emva koko waqeshwa nguMasipala wesiThili uMkhanyakude njenge PMU Technician, nalapho ebesebenza kumacandelo e-PMU kunye ne-WSA-Gov.

Kwinyanga YoMdumba 2025 uMnu. Mkhaba uqale ukuxelenga kuMasipala wesiThili iHarry Gwala njengeChief Technician kwicandelo leenkonzo zezakhiwo.

Unamava aphangaleleyo kwezemihlaba kurhulumente, kulawulo nakulwakhiwo nokhuseleko. Kulo msebenzi wakhe omtsha uMnu. Mkhaba unqwenela ukunika inkxaso kwiqela lecandelo leenkonzo zezakhiwo ukuqinisekisa ukuba iiprojekthi zigqitywa ngexesha elibekiweyo.

Ngaphezu koko, unqwenela ukunika inkxaso yobuchwepheshe kwicandelo lezakhiwo ukuqinisekisa ukuba iiprojekthi zenziwa ngokwesivumelwano nezinga elifanelekileyo ngokomyalelo kamasipala.

UMnu. Zwanani Mkhaba

“Ndinqwenela ukuncedisa oogxa bam nokubakhuthaza ukuba babhalise kwiKhansile yeeNjineli yeloMzantsi Afrika (ECSA. Ndinqwenela ukudlala indima ebalulekileyo ukuncedisa umasipala ukuba ufezekise iinjongo zawo zokuhambisa iinkonzo ezingundoqo eluntwini lwesiThili iHarry Gwala.

“Ndinqwenela ukuncedisa oogxa bam nokubakhuthaza ukuba babhalise kwiKhansile yeeNjineli yeloMzantsi Afrika (ECSA. Ndinqwenela ukudlala indima ebalulekileyo ukuncedisa umasipala ukuba ufezekise iinjongo zawo zokuhambisa iinkonzo ezingundoqo eluntwini lwesiThili iHarry Gwala.

UKUPHUCULWA KWESITAMKOKO EMBIZWENI KWIDOLOPHU UMZIMKHULU (WARD 16)

HGDM 760 UKWAKHIWA KESITISHI SOKUPHEHLA NOKONYUSWA KODONGA: UYAQHUBEKA 90%

Umsebenzi ngokomqulu wokusebenza ofakiweyo	Umsebenzi osele wenziwe neziphakamiso	Imifanekiso yeprojekthi
Ukwakhiwa kodonga lwesitamkoko, kuquka, ukuthengwa nokondlalwa kwemibhobho nezixhobo zakhona, ukuhlolwa nokubulawa kweentsholongwane ukulungiselela ukufakelwa kwemibhobho elandelayo	Qaphela: Umzila wemibhobho awukahlolwa, uzakuhlolwa nge 17/02/2025 ukuya kwi 25 /02/2025 ngokwe nkqubo	
Umzila i-1300m of 350mm ukuvuleka 12 UPVC umzila owonyukayo	Kondlalwe umzila wemibhobho oziimitha ezingama 1164 of 355 ukuvuleka UPVC kumandlalo oqinileyo ongama 300mm	
250m of 355mm ukuvuleka grade A udonga lwentsimbi lomzila wemibhobho	Kondlalwe udonga lwentsimbi olungu grade A oluziimitha ezili192 meters of 355mm kumzila wemibhobho	
Ukwakhiwa kwesitishi sokuphehla sesitamkoko sesamente nezitamkoko	Khwakhiwe isitishi sokuphehla sesamente nezitamkoko ngaphantsi komhlaba owakhiwe ngezitena zesamente, ii-ofisi kunye nendlu kaNogada. Kusa lungiswa umgangatho.	
Ukufakelwa kombane ka-Eskom, intlawulo yesicelo kunye nokusebenza kombane	Kusafakwe isicelo ku-Eskom, isiqikeleli manani asikafunyanwa. U-Eskom utyelele isiza nge28/01/25, bathembise ukuzisa isiqikeleli manani kwiveki ephela nge 7/02/2025	
Ukufakelwa kwe 630kl/yure impompo yombane yesitamkoko kunye nomatshini	Kufikiswe iGorman Ruoo 6500 series umatshini wombane, impompo 6506A60-B Motor-185kW/4p (315 S/M), ufakelo luyaqhubeka	
Ukufakelwa kwe 45 kl/yure impompo yombane yesitamkoko kunye nomatshini (ukufunxwa kwesitamkoko)		
Ukufakelwa kwesitishi esincinci esingama 315kVA	Ayikafiki kwaye ayikafelwa	
Ukufakelwa kweGenerator engama 300kVA	iGenerator ifikisiwe (igcinwe kwisiza sakwaMahlubi) ayikafakelwa	
Ukufakelwa kweevaluva (ukwakhukanisa, umoya, izikali nokuhlola)	Kufakelwe iScour valve enye, neevaluva ezimbini zomoya	
Ukufakelwa kwebhokisi yolawulo yombane	Kufakelwe ibhokisi yolawulo yombane edongeni kwigumbi lokugcina lwesitishi sokuphehla	

HGDM 759 ULWAKHIWO LOKUCHITHA KWESITAMKOKO, MANHOLES KUNYE NE JUNCTION BOXES: IPROJEKTHI SELE IZAGQITYWA

Umsebenzi ngokomqulu wokusebenza ofakiweyo	Umsebenzi osele wenziwe neziphakamiso	Imifanekiso yeprojekthi
Ukwakhiwa kokuchitha kwesitamkoko okuquka, ukuthenga, ukondlala kwemibhobho i-uPVC nezixhobo zayo, ukuhlola nokubulala iintsholongwane ukulungiselela ukufakelwa kwe: 1830m of 315mm ukuvuleka class 51 komzila wemibhobho	Kufikiswe kondlalwa 1314,430m of 315 ukuvuleka komzila wemibhobho	
550m of 355mm ukuvuleka class 51 komzila wemibhobho 1000m of 450mm ukuvuleka class 51 komzila wemibhobho	Kufikiswe kondlalwa 513 of 355mm ukuvuleka Kufikiswe kondlalwa 1216,39 m of 450mm ukuvuleka	
120m of 500mm ukuvuleka class 51 kwemizila yemibhobho	Kufikiswe kondlalwa 839,55m of 500 ukuvuleka kwemizila yemibhobho	
Ukuthenga nokufakelwa kwe manholes esele zenziwe ezizi 750mm and 1000mm ukuvuleka	Kuthengwe kwafikiswa i500mm high and 1000mm ukuvuleka kwe manholes	
Ukuthega nokufakelwa kwe junction boxes nezixhobo zazo nesamente engu Grade 25Mpa kunye ne (15/19) yokuvala	Kwenziwe iManholes endaweni yeejunction box	

ISICWANGCISO SOKUFAKEKELA IIMMITHA EZI-SMART ZASE-BHONGWENI: 2024/2025 FY				
UMHLA	**INDAWO EKUJOLISWE KUYO**	**UFAKEKO OLUCWANGCISIWEYO**	**IZINTO EZICWANGCISIWEYO**	**UMZWA OKUJOLISWE KUYO**
Feb-25	Kokstad - Bhongweni	250	250	3
	Kokstad - Bhongweni	250	250	3
	Kokstad - Bhongweni	250	250	3
Mar-25	Kokstad - Bhongweni	250	250	3
	Kokstad - Bhongweni	200	200	4
	Kokstad - Bhongweni	250	250	4
Apr-25	Kokstad - Bhongweni	300	300	4
	Kokstad - Bhongweni	200	200	5
	Kokstad - Bhongweni	250	250	5
May-25	Kokstad - Bhongweni	200	200	5
	Kokstad - Bhongweni	250	250	6
	Kokstad - Bhongweni	200	200	6
	Kokstad - Bhongweni	200	200	6
Jun-25	Kokstad - Bhongweni	250	250	6
	Kokstad - Bhongweni	250	250	7
	Kokstad - Bhongweni	250	250	7
	TOTAL	**3800**	**3800**	

INGXELO YEZIKALI MANZI: EYOMQUNGU 2025				
INGCAZELO	**IZIKALI MANZI**	**IZIXHOBO EZILAWULA AMANZI**	**ZIZONKE**	**EZISHIYEKILEYO**
Xa kuqalwa; NM2022/2023	563	0	563	563
Odiwe 2023/2024 FY	400	300	963	963
Zifakiwe NM2023/2024	920	300	43	43
Odiwe NM2023/2025	600	700	643	643
Odiwe NM2023/2024	1500		2143	2143
Zifakiwe NM2023/2024	812 (Ibisi & Franklin)	300	1331	
Zifakiwe NM2024/2025	843 (Bhongweni, Underberg low cost, Himmeville Low cost)	231	488	488
Kutshintshwe ezonakeleyo: NM2024/2025	19	231	469	469

IZIKO LIKAMASIPALA LEMINXEBA

ELI ziko, elisebenza iiyure ezingama24 ngosuku, iintsuku ezisixhenxe ngeveki, lifaka kwi-computer zonke izikhalazo nemibuzo yabahlali ngokoyamene namanzi, ugutyulo lwelindle, intlawulo, ukuphazamiseka kwamanzi okucetyiwe nokungacetywanga, imibhobho evuzayo, izitamkoko ezichithekayo kunye nezikali manzi ezonakeleyo. Injongo yeziko leminxeba kukusabela babhalise zonke izikhalazo ezimayelana neenkonzo zikamasipala, nokuqinisekisa ukuba ubuncinane u70% wezikhalazo ezifike kuqala ziyasonjululwa.

Iziko leminxeba lenzelwe abathengi/abahlali abakhetha ukuba baxhumane nomasipala ngomnxeba, amaziko wona enzelwe abathengi/abahlali abakhetha ukubonana nomsebenzi kamasipala ubuso ngobuso, ukuze bathethe ngesikhalazo ezo. Kukhona nekhasi lonxibelelwano uFacebook, kubathengi/abahlali abakhetha ukuxhumana nomasipala ngamakhasi ezonxibelelwano.

Sifakwa kanjani isikhalazo?

- Uhlobo lwesikhalazo
- Igama lakho nefani
- Inombolo yakho yomnxeba
- Idilesi yakho yesitalato, ilokishi okanye ilali
- Ungafaka nomfanekiso wakho xa kukhona isidingo.

Ngokufanayo naxa ufaka isikhalazo emnxebeni, isikhalazo sakho kuWhatsApp sizakufakwa kwi-computer yolawulo lwezikhalazo, uthunyelelwe inombolo yesikhalazo sakho (Reference number) ngomyalezo (SMS). Le nombolo yiyo oyisebenzisayo ukulandela isikhalazo okanye isicelo sakho xa ungafumani sisombululo.

Inombolo kwaWhatsApp ithi: **060 570 6193**, okanye ungasebenzisa inombolo yeziko leminxeba: **086 010 6351**, okanye uthumele umqhafazo ku: **customercare@harrygwaladm.gov.za**

Ingxelo yezentlekele: IZEHLO ZENTLEKELE EZENZEKE KWEYOMNGA 2024 UKUYA KWEYOMQUNGU 2025

KWINYANGA YoMnga 2024 kuMasipala wesiThili iHarry Gwala kube khona isichotho, iimvula ezimandla, umoya omandla, ukutsha kwezakhiwo kunye nemibane ezenzeke kubo bobane oomasipala basekuhlaleni. Oomasipala basekuhlaleni abachaphazelekilyo yiDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, iGreater Kokstad, uMzimkhulu kunye noBuhlebezwe.

Ngomhla weshumi elinesihlanu kwEyoMnga 2024, Iinkonzo Zemozulu zoMzantsi Afrika (SAWS) zikhuphe isilumkiso semozulu sesigaba 2 qanda – iimvula ezimandla. Oku kwenziwa ukukhusela uluntu nanjengoko le mozulu embi ingayingozi kubomi babantu, kukhokhelele ekonakaleni kwezakhiwo nezinye izehlakalo. Kuye kwaziswa oomasipala basekuhlaleni kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala ngezi zilumkiso zemozulu, aze amaqela ema bume.

Ukwenzeka kwezi zehlakalo kukhokhelele ekonakaleni kwezindlu ezimbalwa, ezinye zamnkelwa ngamaphahla, iintsapho zashiyeka zingena kutya, iimpahla kunye nempahla yendlu ngenxa yezehlo ezibalwe ngasentla. Ezinye izakhiwo zatshabalala, konakala ukusebenza kwezixhobo kunye nezikolo, izakhiwo zeendlela, umbane, emva kwezehlakalo zeemvula ezimandla ezikhatshwa ngumoya omandla.

Angamashumi amathandathu anethoba (69) amakhaya achaphazelekileyo, amakhaya angamashumi amathathu (30) atshabalala, amakhaya angamashumi amathandathu anesithandathu (66) afumana ukonzakala, abantu kumakhaya alishumi nane (14) bashiyeka bengena ndawo zokufihla iintloko, bangamakhulu amathathu namashumi alithoba anethoba (399) abantu abachaphazelekileyo. Ngethuba kuthuthwa abantu kusenziwa nohlolo bekungekhomntu oswelekileyo okanye olimeleyo.

ISISINDO SOMONAKALO KUMASIPALA NGAMNYE

Umasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma

Kwinyanga YeDwarha 2024, kumasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma kwatsha izakhiwo, kwana iimvula ezimandla, kwavuthuza umoya omandla, kwaze kwagqarhaza imibane kwiindawo ozohlukeneyo. Kuchaphazeleke amakhaya asibhozo (08), amakhaya amathandathu (06) afumana umonzakalo, amakhaya amabini (02) atshabalala. Akubangakho bantu abadinga indawo yokufihla iintloko, ngabantu abangamashumi amathandathu anane (64) abachaphazelekayo kwezi zehlakalo. Akubangakho bantu abalimeleyo, kodwa kuye kwaseleka umntu omnye (01) kumlilo wesakhiwo kwaWard 11 kwilali iMacabazini.

Umfanekiso 1 & 2: Izehlakalo zemibane nomoya omandla ezenzeke kumasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma

Umasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad

Kwinyanga YeDwarha 2024, kumasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad kwenzeke isehlakalo sokutsha kwezakhiwo. Ngamakhaya amabini (02) atshatyalaliswe ngumlilo eMphela naseSingisi, kwaye basibhozo (08) abantu abachaphazeleka. Akubhubhanga mntu kwaye akekho nowonzakeleyo.

Umasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad unike ingxelo yengozi yemoto eyenzeke ngenxa yeemvula ezimandla, kuN2 kwindawo iNgqumarheni. Kungqubene iizithuthi ezintathu, okukhokhelele ekwenzakaleni kwabantu abathathu (3) – (red code), akukhomntu oye wasweleka. Imigwaqo imanzi kwaye iyatyibilika ngenxa yemvula esele iqalile kumasipala iGreater Kokstad.

Umfanekiso 4: Ingozi yezithuthi eyenzeke kumgwaqo uN2 kwindawo iNgqumarheni kunye nendlu etshabaleleyo eSingisi eKokstad

Umasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe

Kwinyanga YeDwarha 2024, kumasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe kubekhona iimvula ezimandla, umoya omandla kunye nokutsha kwezakhiwo kwiindawo ezohlukeneyo. Ngamakhaya alishumi (10) awachaphazelekileyo, amakhaya amathandathu (06) afumene umonzakalo, ngumzi omnye (01) oye watshabalala baze abantu abathathu (03) badinga indawo yokufihla iintloko. Bangamashumi amathandathu anantathu (63) abantu abachaphazelekayo. Akekho umntu owasweleka, kwalimala wamnye (01) ngengxa yokutsha kwesakhiwo okwenzeka kwaWard 13 kwilali uMgodi.

Umasipala wasekuhlaleni uMzimkhulu

Kwinyanga YeDwarha 2024, kumasipala wasekuhlaleni uMzimkhulu kuye kwakhona ukutsha kwesakhiwo, iimvula ezimandla kunye nomoya omandla kwiindawo ezohlukeneyo. Ngamakhaya alishumi (10) achaphazelekileyo, amakhaya amathathu (03) afumana umonzakalo, amakhaya amathathu (03) atshabalala, bane (04) abantu abadinga iindawo zokufihla iintloko, kwaye bangamashumi amahlanu anesixhenxe (57) abantu abachaphazelekayo zezi zehlakalo. Azibangakho iingxelo zomntu oswelekile okanye olimeleyo.

Umfanekiso 5: Amakhaya achaphazelekileyo ngumoya eMzimkhulu kwaWard 12

Umfanekiso 1 & 2: Umonakalo owenziwe ngumoya omandla kumasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosaza Dlamini-Zuma

IZIXHOBO ZOHLANGULO EZINIKEZELWE KUMAXHOBA

- Iingubo ezingama26
- Iiseile ezili15
- Iziponji ezili13
- Izijumbana zokutya

IHARRY GWALA SUMMER CUP

Izitatanyiswa ebezizimase iHarry Gwala Summer Cup 2024, Emakhuzeni Horse-Race Track, Edazini ngaphantsi komasipala wasekuhleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, umphathiswa wezemidlalo, ubugcisa nenkcubeko uMntomuhle Khawula, usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo, kunye nabanye oosaziwayo.

UMPHATHISWA weSebe lezeMidlalo, iNkcubeko naMasiko KwaZulu-Natal uMntomuhle Khawula, uzimase umdyarho wamahashe iHarry Gwala Summer Cup 2024, ebibanjelwe eMakhuzeni Traditional Horse-Racing Track Edazini, ukuyobukela umsitho omhle womdyarho wamahashe akangasoze awulibale.

Umphathiswa wamkelwe ngezandla ezishushu ngusodolophu wesiThili uceba Zamo Nxumalo, kunye nezinye iinkokheli kwisiThili, kwakunye nezisuka koomasipala basekuhlaleni, kuquka usodolophu weDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, uceba Sindiswe Msomi, iinkokheli zemveli, uNkosi Dlamini wobuKhosi baMaKhuze, uNkosi Mjoli wobukhosi baMaWushe, uNkosi Fodo wobuKhosi baseNhlangwini kunye neNtloko yeSebe uDr. Thobile Sifunda. IHarry Gwala Summer Cup 2024 ngumsitho odume kakhulu kwimbali yomdyarho wamahashe KwaZulu-Natal, nobuqhutywa ngomhla wamashumi amabini anantathu kweyeNkanga 2024, nalapho bekugcwele abalandeli bomdyarho kunye nezitatanyiswa.

Ubukho bomphathiswa Khawula bubonakalise ukubaluleka kwalo msitho, ongumboniso wetalente yasemakhaya nobhiyozela amasiko ethu atyebileyo kule ngingqi. Kulo msitho bekukhona imidyarho eyohlukeneyo, nalapho abathathi nxaxheba bebelwela ukuphuma phambili nokufumana imali. Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo, kunye nomphathiswa uMnu. Mntomuhle Khawula, kwintetho yabo yokubulela, bathe bayazingca ngendlela obe yimpumelelo ngayo lo msitho, nenani elikhulu labahlali ebebezoxhasa lo msitho.

Umphathiswa Khawula uncome bonke abathabathe inxaxheba, wancoma nabaququzeleli ngemizamo yabo yokukhuthaza umdyarho wamahashe kwiphondo. Ugxininise ukubaluleka kwemisitho efana nalo ngoba uphucula italente lasemakhaya uze udale amathuba ezoqoqosho kwingingqi. Umphathiswa uveze nokubaluleka

Iintshatsheli ziwongwe ngezipho, abahlali nabo bakhuthazwa ukuthabatha inxaxheba kakhulu kwimisitho yemidyarho yamahashe.

kwesiko lomdyarho wamahashe KwaZulu-Natal, esithi udlala indima enkulu ukudibanisa abantu. IHarry Gwala Summer Cup 2024, akungomdlalo kuphela, kodwa ngumsitho owonwabisayo wokubhiyozela isiko nomoya wobuntu. Olu suku belugcwele yimibhiyozo, kuquka umculo wesintu, ifashoni nomjuxuzo zongeze kwimimoya ebiphezulu yolu suku. Liqonga lokuba abanikazi bamahashe kunye neenkweli babonakalise izakhono zabo ngokukhuphisana kwizinga eliphezulu. Ukuphela kwalo msitho, besele kuthethwa ngomdyarho wama2025, abalandeli nabathabathi nxaxheba bajonge ngamehlo abomvu kukhuphiswano olulandelayo.

Usodolophu Nxumalo uthe, uyabuvuyela ubukho bukamphathiswa Khawula nesithembiso asenzileyo sokuxhasa lo msitho ngemali yamabhaso wathi, “Lo msitho ubonakalisa ukuba urhulumente wephondo uzimisile ukuxhasa ezemidlalo ekuhlaleni, imisitho yesintu, ukwakhuthaza ubumbano kunye nophuhliso lwezoqoqosho.” Impumelelo yeHarry Gwala Summer Cup ibonakalisa ukubaluleka komdyarho wamahashe njengomdlalo onengeniso nokubhiyozela isiko KwaZulu-Natal. Inkweli uMpendulo kunye nomnikazi wahashe uMnu. Z. B. Gamede abasuka kwisiThili iZululand, baphume kwindawo yokuqala nehashe labo uMbayimbayi, bephumelela isixamali esingama R14 000, indawo yesibini ithathwe nguTroublemaker osuka kwisiThili i-Amajuba.

Indawo yesithathu ithathwe ngu-Eliya wesiThili sethu iHarry Gwala. Ukuphumelela kukaGamede kumzisela udumo newonga ngesakhono nothando lwakhe kulo mdlalo. Ababukeli babonakalise uvuyo ngethuba uMbayimbayi eseqa umgca wokugqibela, ephuma kwindawo yokuqala nebijongwe ngamehlo abomvu ngabo bonke abakhuphisanayo. Usodolophu Nxumalo uwonge ihashe u-Eliya ngesipho sikasodolophu seHarry Gwala Summer Cup 2024 sehashe eliphume phambili, nge sali kunye nezinye izipho.

Oku ukwenze ukukhuthaza abantu abaninzi ekuhlaleni ukuba bathabathe inxaxheba kwiHarry Gwala Summer Cup. Usodolophu Nxumalo ugqithise umbulelo kubo bonke abantu ebebezimase lo msitho wathi, besisiThili baceba ukuqala lo msitho ukusuka eKokstad naseMzimkhulu, ukuze abahlali babandakanyeke kakhulu kulo mdyarho.



XHUMANA NATHI

Idilesi Yendawo:
40 Main Street, Ixopo, 3276

Idilesi yeposi:
Private Bag X501, Ixopo, 3276

Umnxeba: (039) 834 8700
Ifeksi: (039) 834 1701
Ukuphathwa kwamakhasinde: 0860 103 651

Harry Gwala District Municipality
@harrygwala
@harrygwala

www.harrygwaladm.gov.za